

NDINGOYISA NJANI?



Masithobiseni iintloko zethu sithandaze.

Bawo wethu, sibulela Wena, ngale ntsasa, ngeli xesha likhulu lokuza sihlangane kwakhona, kwaye sivule iLizwi leNkosi, Lilele apha phambi kwethu. Kwaye—kwaye ngomthandazo ngoku, ukuba uMoya oyiNgewele uyakuthatha oko kunguThixo, kwaye uyakukuzisa Oko kuthi, ukuze sibe nokuyishiya lendawo yokunqula namhlanje kunye neentliziyi ezonwabileyo zigewele luvuyo. Bona amandla Akho entlangulo, Nkosi, ahlangua njani umbanjwa kwaye abenze bakhululeke, azisa kuthi “izinto ezazikho, nezikhoyo, nezizakuza.” Kwaye sibulela Wena ngezi zinto.

² Siyathandaza ukuba Uyakusisikelela sisafundisisa iLizwi Lakho ngoku kunye. Kwaye xa sinduluka, kungatsho ezintliziyweni zethu, njengokuba sihamba ngendlela, “Iintliziyi zethu bezivutha ngaphakathi kwethu njengoko Yena, uMoya oyiNgewele, ebethetha nathi ngelixesha besisendleleni.”

³ Sikelela wonke umshumayeli namhlanje, naphina, izicaka Zakho ezimele Oku, iNyaniso Yakho. Phendula imithandazo yabo ngabagulayo. Philisa imizimba egulayo yabo babandezekileyo.

⁴ Nkosi, singacela ukuba Ungaya phakathi kwabantu kwaye ufone lambewu yonyulwa kwangexa elingaphambili khona phaya, Nkosi, uze uyizise apha, ngandlela ithile, yokuba ukuKhanya kungawela kunqumleze indledlana, Nkosi. Ngokuba, siyakholwa ukuba iyure iyaphelelwa, ilanga liyakutshona ngesantya entshona, ngoko ngokukhawuleza iyakuba koko “akusayi kubasabakho xesha.” Ixesha kunye noNaphakade ziyakuhlangana kunye xa uThixo kunye nabantu Bakhe behlangana kunye. Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba, ngelo lixa, ukuba siyakubalelwa phakathi kwabo bayakube bedityanisiwe kuKristu, ababizwa ngokuba nguMtshakazi Wakhe.

Sincece, namhlanje, sisalungisa, singazi ukuba ingomso iyakuphatha ntoni, kodwa sikulungele ukwamkela nantoni, Nkosi, ngokolwazi lwethu, othe Wanako ngathi. Sikulungele ukuyamkela Yona. Siyicelela uzuko lukaThixo lentsikelelo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁵ Bendivuya ngokuqinisekileyo, ngale ntsasa, xa bendingena ndaza ndabona ukuba a—abantu bahlanganisene kunye ngenkonzo yeNkosi. Kwaye sinika isaziso ngoku esobubusuku. Kuyakubakho inkonzo yempiliso ngobubusuku. Siyakube sithandazela abagulayo, ngobubusuku. Nje imizuzu embalwa egqithileyo, bebe . . .

⁶ Njengoko bendingena, uBilly, unyana wam, undixelele, wathi, “Kukho i—inene apha, eliyindoda nje ehluphekileyo eqhube ukusuka kumgama omde.” Waza wathi, “Ndi—ndimbeke egumbini, Tata.”

⁷ Ndi—ndifike emva kwexesha kubusuku obugqithileyo, kwaye—kwaye andikhange ndibe nokufundisisa kakhulu kwisifundo sesikolo seCawa ebendzakuthetha ngaso, ngale ntsasa. Ke ndichonge imibhalo emincinci ethile ebendiyichonge koko ndithe ndakuva komnye umzalwana ekutsho, ndaza ndathabatha koko isiqendwana, okokuba nje kubekho isifundo sesikolo seCawa ngale ntsasa; kwaye ngelixa silungiselela, silungela inkonzo yangokuhlwa.

⁸ Kwaye uBilly wathi, “Kukho indoda phaya egulayo.” Wathi, “Ndi—ndi—ndinqwenela ukuba ungaya uze uyibone.” Ke, ndaya egumbini nje ngoku. Kwaye umzalwana malunga neminyaka yam, kunye nomfazi wakhe, behleli apho. Waza uMoya oyiNgcwele wehla weza kuthi egumbini nje ngoku.

⁹ Khawucinge nje, nje ndisachaphazela inkonzo yempiliso, kwaye nanko Wayelapho. Yabona? Kwaye Wamxelela lomzalwana konke malunga nabekwenzile, kunye noko ebekwenza, noko kubangele ingxaki yakhe, nalapho avela khona, kunye nako konke malunga naye. Kwaye kwabakho isithunzi esikhulu esimnyama sindanda egumbini. Kwaza kwaqalisa ukukhanya, kwakhanya, kwakhanya, kwaye kwakhanya, emva koko uMoya oyiNgcwele wathabatha indawo.

¹⁰ Ngoku, ndicinga ukuba indoda ise...ndaweni ithile emva apha ngoku. Yena nomfazi wayo mhlawumbi abanakho ukungena esakhiweni, kodwa bathe babezakuhlala, nakanjani, ngenxa yenkonzo. Basuka phezulu kufuphi, ngase Yakima, Washington, kwaye bebeqhuba ukungena. Kwaye ungumshumayeli weVangeli.

Kodwa nje ukubona inceba ka—kaThixo phaya! Apho, indoda ibisekongiweni kwaye inyangwa kunye nento yonke. UMoya oyiNgcwele utyhile yonke lento. Xa, oogqirha bezama kanzima ukwenza yonke into abanokuyenza, mhlawumbi, besenzela indoda, kodwa ithabathe nje okwakuchukumisa kuthile kuncinci kusuka kuThixo, ukujika umsinga. Unyango ngokothusa kulungile, kodwa luhlobo nje esinokulubiza “udubulo ebumnyameni,” uyazi. Wena, ingakwenza mandundu, yabona, kuba uyakulibala yonke into owakha wayazi, xa befake elayeza kuwe. Kodwa iNkosi uThixo, enjani inceba nobubele Bakhe! Kwaye nangaphambi kokuba ndakhe ndenza ilizwi lomthandazo ngaye, yayiseligqibekile. Yabona? Yathatha nje okuya kuthile kwento ethile kaThixo, okwakuchukumisa kuthile, ukuyenza.

Andifanele ndikutsho oku. Ehe. Bendiya kujonga ngaphaya, ndibone indoda ngoku. Ke, bendingazi nokuba uyakubakho namhlanje, okanye hayi.

¹¹ Ezantsi phaya elizweni apho bendihlala khona, kuleveki. Ndi—ndi—ndiyabathanda abahlobo bam ezantsi phaya. Likhefu elincinci phambi kwalemihlangano mikhulu, uyabona. Kwaye ndiya ekhaya, ukuze ndiye ezantsi phaya ndize ndiye kuzingela oonomatse kunye naba bazalwana. Kwaye elikhaya, amakhaya, gxebe, endihlala nawo ezantsi phaya, ngokuqinisekileyo bangabantu abathandekayo. Kwaye indoda, umzalwana wenene, izihlobo; bangabo.

Kwaye omnye wabo ungomkhulu umthandi we—wezinja zokuzingela. Kwaye unehoko egcwele zona phezulu phaya. Kwaye—kwaye ndibone eyona intle inja yokuzingela encinci ezantsi phaya, umfo omncinci, yayiyinto endandiyibiza malunga noko, “isiqingatha senja ukuphakama kunye nezinja ezimbini ubude,” uyazi, ukuba—ukuba yayibaleka ijikeleza indlu apho. Ndaza ndacinga, “Bethu, akanakuthanda na uJoe ukuba nento enjengaleya!”

¹² Kwaye, ngokuqinisekileyo, ngaphandle e-Arizona, ebengenakuyisebenzisa. Uyakungena kwikaktus, kwaye iyakuba sisiphelo sakhe. Ke ngoko ndathi, kananjalo, “Akunakubanayo. Abazisebenzisi izinja phaya, kulandawo yelizwe. Ngoba, ba, ewe, abanakho nje ukuzisebenzisa. Bayaku... kananjalo, imo yezulu, i—imeko zelizwe kunye nekaktus, kwaye ziyakubulawa.” Ke ngoko, nyhani, inja yokuzingela phandle phaya, i—ingcuka, okanye into ethile iyakuyibulala, mhlawumbi, nangayiphi indlela, ukuba inokuphuma.

¹³ Ke ngoko le ndoda yathi kum, “Ungayifumana nje.” Kodwa nda—ndindingenakho ukuyithatha. Nda—ndayincoma lonto. Ndaza ndafumanisa, ukuba yayi yenye yentandana kwizinja zakhe.

¹⁴ Kwaye le ndoda inomfazi omncinci othandekayo nabantwana abancinci. Kwaye ngenye imini, waqalisa ukukhupha imoto yakhe ngomva, kwaye wayenale Oldsmobile yemoto. Kwaye inja encinci imalunga *nobuya* bude, nje intshontsho. Kwaye waqabela ngqo phezu kwayo. La Oldsmobile yanqumla kanye phezu kwenja encinci, emqolo wayo *apha*, yaza yayityumza, apho amatye kwindlela yemoto ebehlabe ukunqumleza isiswana sayo esincinci ezantsi apha, uyazi. Kwaye—kwaye umfazi omncinci, endaweni yokubalekisola inja encinci kugqirha wezilwanyana... Ngokuqinisekileyo, ugqirha wezilwanyana ebeya kuyilalisa kanye ngoko, aze ayibulale. Yabona?

Kwakukho omnye umfana omncinci kunye nam. Kwaye kwamsinya xa waphakamayo apho, wathi, “Ukuba ibiyinja yam leya, bendiyakuyidubula.” Wathi, “Kuko konke. Ndiyiyeke igcume ngolwahlobo?”

¹⁵ Ndathi, “Kulungile, masingayidubuli.” Ndathi, “Masilinde ithutyana elincinci.”

Ndandulula wonke umntu, ndaza ndahamba ndaya kuthandaza ngayo. Inja encinci yandilandela ukuya evarandini. Kwaye ya, [IBandla liyavuya—Mhl.] ewe, wa...Yabona? “Nantoni na enithi nizingwenele, xa nithandaza, kholwani ukuba niyakuyamkela; niyakuyifumana, niyakunikwa.” “Nantoni na.” Lowo yiNkosi uThixo wethu. Akunjalo? [IBandla lithi, “Amen.”] Ungu—Ungummangalisi kwaye uyamangalisa. Kwaye siyamthanda ngokuqinisekileyo Yena, ngale ntsasa; kwaye simlindele Yena, kwaye sisazi.

¹⁶ Ndibone, ngenye imini, a—abadala abatshatileyo, unina kunye noyise welungu elilunge kakhulu lale—lalerhamente yamakholwa. Kwaye unina u, owu, ndiyaqikelela ufikisa ikhulu, kwaye uyise u, ngokunjalo. Kwaye malunga neshumi elinesibini leminyaka le ndoda zange yashukuma; ilele ngomqolo, ilele nje mcaba. Okanye, ingenakulala ngecala layo, okanye nantoni. Ilele apho ishumi elinesibini leminyaka. Ingokwasebudaleni nje! Kwaye unina umalunga neminyaka yayo, ndiyaqikelela, into ekufutshane kwikhulu, kwaye into endala ehluphekileyo imalunga nje nokulahlekelwa kukulawula ingqondo. Ucinga ukuba umntu othile uthatha konke anako.

Kwaye ndajonga e...ekunqumlezeni itafile, kuthi sonke, omncinci nomdala, behleli apho. Kwaye ndathi, “Kuphi apho siya khona? Yintoni esiyenzayo?” Kwaye inenekazi endandihlala nalo ngoko, yayingunina wakhe noyise. Kwaye ndathi, “Uya ngala ndlela, nawe. Ngokuqinisekileyo, sonke ngabanye.” Yabona?

¹⁷ Khawucinge nje ngayo, okomzuzwana nje, phambi kokuba siqalise isifundo sethu. Kulapho uyakhona. Usokolela ntoni? Ukuze ubenakho ukuphila. Uphilela ntoni? Ukuze ufe. Ingaba ayinakuba bobona budenge ukuba besingasamkelanga isinikezelo sikaThixo soBomi obunguNaphakade? Yintoni esinokucinga ngayo? Yintoni—yintoni enokuba sezingcingeni zethu, enokutsala umdla wethu ukusuka...kuyo nantoni na? Bekungathini ukuba ubunamakhulu ezigidi zeedola, kwaye isizwana se—se-Indiana isesakho, okanye nasiphina esinye isizwana, okanye nkqu nelizwe, okanye, malunga ngokubhekiselele koko, ihlabathi lonke?

Uphila obude ngokwaneleyo, ufanele ufika koko, nawe. Yabona? Kwaye rhoqo, imini nemini, ngalo lonke ixesha intliziyo yakho ibetha, uya ngqo koko. Yabona? Wena, akukho ukuphumelela kuwe. Ukwicala eloyiswayo, kwaye, wena, ufanele ukoyiswa. Kodwa khumbula isithembiso, sokuba, “Lowo uyakulahlekelwa bubomi bakhe ngenxa Yam uyakubufumana.” Ngoku, iyakuba yintoni enokuba ngaphezulu kobutyebi onokuyifumana kunoBomi, nangona ufumane ihlabathi lonke libe lelakho? Kodwa, ukuba u—ukuba ufumana uBomi, ufumene eyona nto inkulu enokufunyanwa. Ndifuna uku. . .

¹⁸ Ndjonge ngasekunene kwam kwaye ndibona kwakhona, ngoku nje, enye imbasa yobabalo lweNkosi. Malunga neeveki ezimbalwa ezigqithileyo, ndabizelwa emnxebeni. Kwaye elithandekayo ilungu lelibandla, okanye lo mzimba . . . andifuni ukubiza oku ngokwecawa. Ndi—ndifuna ukubiza le, oku . . .

Njengoko bendithetha nabanye abantu, bathi, “Kulungile, ukweyiphi icawa?”

Ndathi, “Andinayo . . .”

“Leliphi ihlelo okulo?”

Ndathi, “Nakwelinye.”

Wathi, “Kulungile, yintoni okuyo ke?”

Ndathi, “UBukumkani.”

¹⁹ UBukumkani! “Kwaye kwangoMoya omnye sibhabetzelwe koba Bukumkani.” NgoMoya omnye, sonke, kobu Bukumkani! UYesu wathi, “Thandazani, ‘UBukumkani Bakho mabufike. Intando Yakho mayenziwe emhlabeni, njengoko isenziwa eZulwini.” Ngoku, Wema ngenye imini phambi kweNtaba Yokuguqulwa, Wathi, “Inene Ndithi kuni, ukuba abanye abame apha, abasayi kukungcamla ukufa, bade babubone uBukumkani busiza ngamandla.” Yayibonisiwe ngaphambili, njengoko besigqithile kuyo, iNtaba Yokuguqulwa. Kwaye iBhayibhile ithe, “UBukumkani bukaThixo bungaphakathi kuni.” Ke, obu buBukumkani abathi abantu babange ukuba eli asilokhaya labo. Asilokhaya lethu eli. Sijonge uKuza koKumkani, kubekwe uBukumkani.

²⁰ Ndandibizelwe kwingxaki ekhawulezileyo, yo—yomdala umzalwana obe njengotata kum. Kwaye wa . . . Andimazanga ixesha elide, kodwa ndikhumbula ixesha endamthabathela apha ukumbhaptiza ngamanzi. Kwaye indoda kwamsinya iyakuba namashumi asithoba ananye eminyaka ubudala. Kwaye umfazi wakhe othandekayo wandibiza, kwaye yena ekubeni engumongikazi, wathi, “Unentliziyo eyekayo ngokupheleleyo.” Ngaphandle kwalonto, une . . . Owu, ndiyibiza . . . andinakulibiza igama. Ukuhlaselwa yintliziyo. [Udade uthi, “Imithambo yentliziyo”—Mhl.] Ukuhlaseleka kwemithambo yentliziyo. Enkosi. Ukuhlaseleka kwemithambo yentliziyo, kunye nokuyeka kwentliziyo ngokupheleleyo. UGqirha akaniki themba, konke konke. Kwaye indoda ibisifa, kwaye wandibiza.

²¹ Kwaye ndangena kwiFord yam encinci endala, ndaqalisa endleleni ukuya e-Ohio, ngamandla endandinokuba nakho. Kwaye ndandingazi, elinye lamavili am lingaphandle komgca, lakrazula ivili lalisusa kuyo. Kwaye ngoko ke nda . . . ukufika phezulu phaya. Ukuphuma egaraji yokutha, malunga nentsimbi yeshumi elinanye. Ndandikhathazekile malunga naye. Ndi—ndiyamthanda. Kwaye ndiyazi, ukuba—ukuba iyaqhubekeka oko, iNkosi isalibazisile, kutheni, kwamsinya okanye emva kwexesha, kuyakufuneka sincamane.

²² Kodwa, oko akuyi kuluhlupha uXwilo, ngoku. Yabona? Hayi. Bayeza kuqala, ngoko. Bona banenyhweba, abahambileyo. Bayeza kuqala. Yabona? Yabona? “Thina aba basaphilayo kwaye baseleyo, eKuzeni kweNkosi, asisayi kubaphangela okanye kubathintela abo baleleyo. Ixilongo likaThixo liyakukhala; abafele kuKristu bayakuvuka kuqala. Ngoko xa amehlo ethu ekhangele abethu esibathandayo, ngoko siyakuguqulwa, ngephanyazo, ngokuqhwanayaza kweliso, kwaye kunye nabo siyakuxhwilwa ngokudibeneyo.” Yabona? Abo bahamba kuqala bakwicham kunabo baphilayo.

²³ Njengoko bendiphuma egaraji, nje ngentsimbi yeshumi elinanye, uMoya oyiNgcwele wathi kum, “Sukukhathazeka malunga naye. Uyakuxhawula isandla sakhe, esitratweni kwakhona, kwaye uyakuza ebandleni,” indoda enamakhulu asithoba ananye eminyaka ubudala, isifa.

Xa ndadibana nomfazi wayo kunye nabathandwayo yiyo esibhedlela eLima, bandixelela ngemeko yakhe. Ndangena, ndajonga kuye apho. Wathi, “Kodwa uyinto engaqhelekanga.” Wathi, “U—uqale ukuguquka ukuba ngcono, ngentsimbi yeshumi elinanye.” Ke, kwaye bendi . . . INkosi ibabonisele abo bantu izinto ezininzi, bayayazi ukuba nje andikutshongo oko. Ngokuba, bakuthethile kum kuqala, “Waqala ukuguquka.” Bayazi ukuba ndiyakubaxelela inyaniso.

²⁴ Ke, ngeCawa ephelileyo, njengoko bendisiya eBlue Boar Cafeteria eLouisville, apho ndicinga ukuba amashumi asibhozo ekhulwini alerhamente ahlngane ngeCawa emva kwemini, ukuze atye, ngubani endimbone esihla ngesitrato? Ndiyakuxelela, intliziyo yam yangcangcazela xa ndabona uMzalwana uDauch esihla esiza ngesitrato, ngokuchanekileyo lonto Andixelele yona. Ndaxhawula isandla sakhe, esi—esitalatweni.

²⁵ Emva koko nda—ndabuyela apha ukwenzela iCawa ephelileyo ebusuku kwaye ndathetha ngomxholo womanyano, wo *UkuManyana KoMqondiso WeXesha*. Ke . . . Kwaye ngoko oko kwakwenza kwazaliseka, nje oko Akutshiloyo. Kwaye nanku ehleli ebandleni namhlanje, kanye apha kuthi, njengembasa yobabalo lukaThixo. Xa bendixhawula isandla sakhe phantsi kwentente, intente ye-oksijini awayephantsi kwayo, ndathi, “Mzalwana uDauch, uyakuphila. Ndakubona ebandleni kwakhona. Oko, ngu ITSHO INKOSI.” Yabona? Nanku ehleli ebandleni, kanye apha ngoku, Mzalwana uDauch.

²⁶ Ukuba andiphazami, umshumayeli endithetha ngaye, kwimizuzu embalwa egqithileyo, uMoya oyiNgcwele uzile waza wazityhila zonke ezi zinto; wamxelela ukuba yenzeke njani, kwaye wamxelela into ayenzileyo; yenzeke njani, izaliseke njani, konke obekusenzeka ukusukela oko, nkqu nakwisimilo sosapho lwakhe, kunye nako konke malunga

noko. Kwaye wamxelela, ukuba, “Kuphelile.” Kwaye umshumayeli uhleli kanye ngapha, kwisandla sasekunene. Ungaphakamisa nje isandla sakho, mhlekazi? Nankuya, yena nomfazi wakhe, ngokuchanekileyo, njengangoku.

Naku kuhleli uMzalwana uDauch, kanye apha ngoku. Owu, bethu!

²⁷ Akamangalisi Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Ezo zinto ezazikho, ezikhoyo, neziya kuzaliseka.” Nye, mbini, sithathu samangqina. “Izinto ezazikho, okwenzileyo; izinto ezenzekayo ngoku; kunye nezinto eziya kuzaliseka.” Kwaye ngalo lonke ixesha, ngokuchanekileyo, ngokuchanekileyo phezu kweLizwi. Lowo nguThixo kuphela onokuyenza lonto. Owu! Asivuyi kakhulu ngezizinto? [“Amen.”]

²⁸ Ngoku, isizathu bendithabatha ixeshana elongeziweyo, uBilly kufuneke aye kuthabatha umfazi wakhe kunye nomntwana. Kwaye uthe, “Tata, ungaqalisi ukushumayela de ndibuye.” Ke, ndi—ndicinga ukuba ubuyile ngoku. Kwaye ndifanele ndibenela xesha lininzi, nakanjani. Kwaye ndizama ukusuka kweziyure zine zokudinisa endinibeka phantsi kwazo apha, ndize ndiyenze amashumi amathathu anesihlanu, amashumi amane emizuzu, uyabona, ndize ndizame ukuyigcina.

²⁹ Ngoku, ndanconywa ngelinye ixesha eChicago. Ndayenza amashumi amathathu emizuzu, okanye into ethile, amashumi amathathu anesihlanu emizuzu. Kwaye kubusuku beCawa ephelileyo ibingamashumi amane anesihlanu emizuzu kuphela. UBilly wathi, “Uyaphucuka ngokwenene, tata. Ngohlobo oluthile ndiyazingca ngawe, ngako oko.”

³⁰ Kulungile, mhlawumbi, ngale ntsasa, ukuyenza ihlobo lesikolo seCawa esincinci, andisayi kunigcina ixesha elide. Ngoko ningaphuma niyokutya, kwaye nithandaze, nize nibuyele iinkonzo zempiliso ngobubusuku. Sizakwenza umgca wokuthandazelwa ngobubusuku kwaye sithandazele abagulayo.

³¹ Ngoku, ukuba wazi nabaphi na abantu apha, naphina, abagulayo kwaye befuna ukuthandazelwa, bazise apha ngobubusuku. Yabona? Ukuba kufanele ubazise, nangayiphi indlela, baziseni apha. Yabona? Yeyona nto leyo, ku, ukubazise apha ngobubusuku. Siyakuhlangana sonke. Ngaloo ndlela . . . Kuzima ukubiza, ukuya kwindawo emva kwendawo; ngoko ushiye umntu othile, kwaye kukho ukuva kabuhlungu. Kodwa ukuba ndingabafumana bonke ndaweninye, ngoku ndingabathandazela. Ngoku, ukuba unga . . . Ukuba abantu bafuna ukuthandazelwa, ba . . . Uthi, “Banganakho?” Owu, ngokuqinisekileyo. Bayakuthandazelwa. Baziseni bona ngaphakathi. INkosi ithandile, siyakuba lapha, sithandazele wonke umntu. Kuba, ndiva ukuba utsalo lwesithathu luyaqalisa ukushukuma, uyabona, nga—ngaphakathi kwam. Kwaye ndi—ndi—ndifuna ukuthandazela wonke umntu.

³² Ngoku masityhile, ngalentsasa kwesiqhelekileyo esidala Isibhalo apho ngahlobo luthile ndachonga ngokukhawuleza kubusuku obugqithileyo, ndisozela kakhulu, kwaye ndabhala eziliqelana Izibhalo ukuze ndihambe ngazo. Kwaye ndithatha ngahlobo luthile ukuncoma. Ndeva mzalwana uthile, ngelinye ixesha, esebenzisa esi sicutshulwa. Kwaye ndacinga... ndisibhale phantsi. Ndacinga. “Kulungile, ndiyakholwa ndakukubhala phantsi okuya, ’ngoba kunokuza kuluncedo.”

Kumaxesha amaninzi siyakwenza oko. Ndiqaphele, abaninzi benu apha, benephetshana. Kwaye umshumayeli angabe utsho okuthile, uze ke ube—ube nokubetha landawo, into ethile iyakubetha ngaphakathi kuwe. Kuze ngoko ukuba uMoya oyiNgcwele uyakwenza oko, ngoko uyakuqalisa ukwakhela kanye kwelo nqaku apho, umyalezo weNkosi. Kwaye konke oko kulungile. Ndiqaphela kwimihlangano, naphina apho niya khona, abashumayeli nje kunye nabantu bebhala phantsi. Oko kulungile. Si—silapha, sikholo lonto apha, kukuzama ukunceda omnye nomnye apha kwezindlela.

³³ Kwaye ngoku masityhile kwiZityhilelo, isahluko sesi-3, kwizigaba zebandla, siphinda isigaba sebandla. Kodwa ngoku siya...si...phaya. Ehe. Ndingathabatha esi sicutshulwa sinye, kwaye ngoMoya oyiNgcwele, ndishumayele ngaSo ikhulu leminyaka kwaye ndingaze ndikwazi ukukukhupha oko kungaphakathi Kuso. Ngokuba, kwesi sicutshulwa sinye, njengazo zonke ezinye izicutshulwa eBhayibhileni, Ithungelene yonke.

Kwaye ndifuna ukuthabatha umxholo wam, ngale ntsasa, wale: *Ndingoyisa Njani?* Ngoku, ndikhethe oku ngokuba ndicinga ukuba kulixesha lokuba singaze siyeke uMoya wemvuselelo ufe. Kufanele sigcina sikwimvuselelo, rhoqo sivuselelekile, yonke imihla. UPawulos uthi kufuneka “afe yonke imihla, ukuze uKristu aphile.” Kwaye kufuneka singaze siyeke la mvuselelo ife, ngaphakathi kwethu.

Ngoku, Izityhilelo, isahluko sesi-3, kwaye siqala ngomqolo wama-21, sifunda oku.

Kulowo weyisayo ndiyakumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam, njengokuba nam ndo...yisile, ndaza ndahlala phantsi noBawo wam etroneni yakhe.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

³⁴ Ingaba uqaphele u—u ’dweliso loko? Yabona? “Ahlale naM ngaphakathi etroneni Yam,” hayi “etroneni Yam.” “Ngaphakathi etroneni Yam,” oko kukulawulo Lwakhe. Yabona? Kwaye apho, njengo—njengoKristu enguMlawuli, uMlawuli wetrone ngeli xesha, wolawulo lukaThixo olupheleleyo, liyakuba njalo neBandla ukuba Naye, uMtshakazi ube naYe, ngaphakathi kwitroni Yakhe, kulawulo olulonke

Iwakhe. Yabona? Hayi “etroneni Yam,” kodwa “*ngaphakathi* etroneni Yam,” yabona, apho ulawulo Lwakhe lufikelelayo. Itrone ingaphezulu kulawulo, kwaye—kwaye ulawulo lufikelela nje kancinci apho imida yalo ifikelelayo. Kwaye oko kusuka kuNaphakade ukuya kuNaphakade. Khawucinge nje ngayo!

³⁵ Ngoku, njengoko sifunda oku, injongo yam yoku asikokuza nje apha uku—ukudlelana nani bantu. Ntoleyo, ndiyithandayo ukuyenza. Kodwa ukuba—ukuba ndinalo ithuba lokukwenza oko, bendiyakuza endlwini yenu, kwaye ndixhawula isandla senu ndize ndithethe nani, ndihlale phantsi, nditye idinala kunye nani; kwaye ndihlale phantsi, ngaphantsi komthunzi womthi, kwaye ndincokole ndindlelane ithutyana.

Kodwa xa sisiza apha, silapha ngesizathu esicacileyo esinye. Lena yindlu yezilungiso. Lena yitrone. Lena yitrone kaThixo, kwaye umgwebo uqala uphume endlwini kaThixo. Kwaye apha kulapho sithi sihlangane sonke, sihlanganele eluthandweni, omnye nomnye, njengokuphela amaKristu anokuthanda. Kodwa, khona apha, si—siphantsi kwe—kwe—kwe—kwenkokelo kaMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele uphakathi kwethu. Kwaye silapha sibe. . . sithabathele ingqalelo phakathi kwethu, sibone apho indawo zethu ezisilelayo zikhona, ukusilela kwethu, kwaye singabamba ndawoni apho kufanele sibekhona, ngaphaya koko sifanele kukuba khona ngoku; apho sikhoyo, kunye nalapho kufanele sibe khona. Kwaye oko koku sikufundayo. Abashumayeli bafunda ezo ndawo, besenzela abantu babo. Xa bebona abantu, ukusilela, ngoko baqalisa koko.

³⁶ Ngoku, kamsinya, ndicinga ukuba ibandla mhlawumbi kufanele ukuba lithabatha inyathelo eliphezulwana kancinci ngeli xesha. Andicebanga kuyenza lonto ngale ntsasa, yokubonisa ezi zinto. Kodwa ndi—ndicinga, ngokufutshane, iNkosi ithandile, phambi kokuba sishumayele ngaloo Maxilongo, ndifuna uku—uku—ukuzisa iBandla nje okuthile ofanele ukuba—ukuba ukwazi, ndiyakholwa, ngoku.

³⁷ Kwaye ngoku sithetha koku, “ukweyisa.” Igama *ukweyisa*, ngokuqinisekileyo, uyazi ukuba lithetha ntoni. Kufanele ukuba ube nento ethile ukuze woyise. Kwaye esisigaba sebandla eso uMoya oyiNgcwele awayethetha ngaso apha, kwiSigaba seBandla laseLawodike, njengoko besisandula ukugqitha kuso, sasifanelwa kukohlwaywa. ILawodike kwakufanele ukuba yohlwaywe, ngenxa yokwahluka kwayo—kwayo kuKristu. Yambeka uKristu ngaphandle, kwi—kwisigaba sabo. Kwaye uKristu wayengaphandle, ezama ukubuyela ngaphakathi. Olo luthando. Emva kokuba Ekhutshelwe ngaphandle endlwini EyeYakhe, wayezama ukubuyela ngaphakathi, kwaye wathi, “Lowo uyakuthi avule ucango, Ndiyakungena kuye.” Yabona? Ibandla, ngokwalo, ngako konke, lamkhuphela ngaphandle Yena.

³⁸ Kodwa ngoku qaphela. Ubizo lwakhe apha alubhekiselelanga nje ebandleni. “Lowo weyisayo.” Yabona? Hayi ibandla; iyakuba ngu lona, yabona, umzimba webandla. Kodwa ngu “lowo weyisayo,” ngamnye oyakweyisa, ngoku.

³⁹ Kwaye iLawodike lalisiza kuyo. Ngoku siyabona, ngoko, sisazi ukuba esi siSigaba saseLawodike, kwaye sisazi ukuba esi sigaba sifuna esibukhali isohlwayo esivela kuThixo. Sifuna esibukhali isohlwayo. Kwaye xa inkokheli ziqalisa ukuthamba nokwaluphala, njengotatomkhulu ogugileyo kubazukulwana bakhe, nantoni abayenza bagqibelele. Kwaye ba . . .

⁴⁰ Ithethwa kakhulu, eyokuba uThixo unguThixo olunge kakhulu, bade bazame ukumenza uThixo utatomkhulu nje owaluphele kakhulu. Uyabona? Kodwa Akanjalo. UnguBawo, kwaye uBawo wobulungisa, wokululeka. Kwaye uthando lusoloko lululeka. Yabona? Uthando luyalungisa. Nokuba ivisa obunjani ubuhlungu, luyalungisa noko.

Umama wenene uyakubalungisa abantwana bakhe. Utata wenene uyakulungisa. Yabona? Ukuba uyathamba kwaye waluphale, uze uyeke i . . .

⁴¹ Ndandinqumla kwisiqobo somthi ngenye imini, ezantsi esi—esikhukulisiweyo, okanye ibizwa umngxuma. Kwaye ndatsibela kwesi siqobo. Ngaphandle, sikhangeleka silungile, sikhangeleka njengesidala isiqobo sebech. Kodwa xa ndatsibela kuso, owu, esikhulu isiqhukuvana saso saqephuka. Sasibole kakhulu kwaye sisisiphukuphuku. Ndathi, “Yilondlela amaKristu abayiyo.” Bafile esonweni nakwiziphoso, ixesha elide, de baluphala. Abanakuzinza, konke konke. Aba—abazi ukuba ukweyisa kuthetha ntoni na. Kwaye ndaqalisa ukucinga ngesi sicatshulwa, ngoko. Ukweyisa, gcina uBomi kuwe. Xa ubomi bumkile, yilonto yabeka esasiqobo kulameko. Yabona? Kwaye yasenza mbi kakhulu kunelaxesha sasilele esebeni apho amanzi abekhona.

⁴² Kwaye ngoko, apho, uthabatha uMkristu, ofanele ukuba nguMkristu, kwenzeke ukuba uBomi bukaThixo bumke kuye, kunye namava, uvuyo lokukhonza uKristu; kunye, ukuhlala ebandleni apho oko kuqhubekayo, ubola ngokuphindiweyo ngokukhawuleza, kanye, ngokuhlala kanye ngaphantsi.

⁴³ Ke, ukuba siyazama ukulandela uMyalezo weyure, okanye ngokuncinci le ndawo yoMyalezo, kufanele sihlale rhoqo eBomini bukaKristu. Yabona? Ngoba, ukuba ayenzeki, ulala apho, kwaye usazi Oko, ezi zinto ofanele kukuzenza, kwaye ungazenzi. IBhayibhile ithe, “Lowo ukwaziyo okulungileyo, aze angakwenzi, kuye sisono.” Ngoko uyaluphala, ubole, xa wahluliwe kuBomi bukaThixo. Ke, zama ngako konke oko kukuwe, ukuhlala eBomini bukaKristu, kuba wawuya kuthwala isiqhamo.

44 Siyasibona esisigaba esiphila kuso. Sesinye sezona zakhe zazikhulu kuzo zonke izigaba zebandla. Esi Sigaba seBandla laseLawodike sesona sakhe sasikhulu kuzo zonke izigaba zebandla, ngokuba kukuphela kwexesha nokudibana koNaphakade. Kwaye, ngoko, sesona sigaba sesono. Kusisono kakhulu kwesisigaba kunokuba sakhe sakhona. Kwaye amandla kaSatane a—anzima kaninzi ukulwa nawo kunokuba kwakunjalo kwezinye izigaba. Yabona? Apha!

45 Emva phaya kwizigaba ezingaphambili, uMkristu wayenakho, ngesivumo sakhe sokuba libandla... sokuba kuKristu, wayenokunqunyulwa intloko ngalo nto. Wayenokubulawa, kwaye akhutshwe entlungwini yakhe, aze ahambe aye kuhlangua noThixo, ngokukhawuleza.

Kodwa ngoku utshaba luze ngaphakathi, egameni lebandla, kwaye luqhatha kakhulu. Esi sisigaba esikhulu soqhatho. Xa, uKristu watsho njalo, “Imimoya emibini iyakusondelelana ngemihla yokugqibela de ibe ibinokulahlekisa nabona Banyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Yabona? Yabona? Yabona? Khumbula, uKristu wathetha ngabantu abanyuliweyo ngomhla wokugqibela. Yabona? “Ibinokulahlekisa nabona Banyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Kusondele kakhulu! Abantu baphila, abantu bangaphila ubomi obucocekileyo, ubomi obungwele; bangabi ngabonayo, abakrexezi, amanxila, namaxoki, abangcakazi. Bangaphila ngasentla koko, kodwa noko bangabi Naye. Lonto injalo.

46 Esi sisi—sisigaba soBomi, ubuqu boBomi bukaKristu, apho, u—umchiza woMzimba Wakhe, oko kwakuKuye.

Okokuqala, phantsi kogwetyelo, ubhabhatizo lwamanzi. Okwesibini, ngaphantsi koZalo olutsha, lukaWesley, ungcwaliseko, olucocayo. Kwaye okwesithathu, ngaphantsi kobhabhatizo lukaMoya oyiNgcwele, ukubeka esa sitya singcwalisiweyo ekusetyenzisweni. Yabona? Igama *ngcwaliseko* lithetha, ligama elixandileyo lesiGrike elithetha “ecociweyo yaza yabekwa ecaleni ukulungiselela umsebenzi,” ukubekwa ecaleni ukulungiselela umsebenzi. Ngoku uMoya oyiNgcwele uyibeka emsebenzini. Yabona?

47 Kwaye siyakuqaphela, “Xa umoya ongcolileyo umkile emntwini, uhamba iindawo ezomileyo.” Yilonto kanye ibandla eliyenzileyo, amaBhaptizi, amaWisile, abo bakholelwayo kungcwaliseko. “Ngoko,” uYesu wathi, “umoya ongcolileyo owaphumayo, ubuyela emva kweli bandla lingumzimba kwaye ufumane indlu ihonjisiwe, itshayelwe yacoceka, ihleli inyulu, ubomi obucocekileyo.” Kulungile. “Kodwa ngoko ukuba ayizaliswanga, ayingenwanga, ngoko uyeza angene kunye nabasixhenxe abanye abangcolileyo oosathane ababi kunokuba ebenjalo, kwaye isigaba sokugqibela salendawo siba sesiphindwe kasixhenxe ukuba mandundu kunokuba besinjalo

kuqala.” Babengcono bahlale bengamaLutere, kunokuba babekuko ekwamkeleni okwa kuKhanya baze basilele ukukulandela Kona. Bayakuba njalo nabakwaMoya, yabona, uyazi endisingisele kuko, indlu ihonjisiwe.

⁴⁸ Njengoko bendithetha nomnye othile, ngenye imini, ndathi, “Balumke kakhulu, nkqu neqela elininzi labobungcwele, ukuba bangabizi uMoya oyiNgcwele, ‘Holy Ghost,’ kuba bazibandakanya nabakwaMoya xa besenza lonto. Bathi, ‘Holy Spirit,’ yabona, bazikhupha ekuthini, ‘Holy Ghost.’” Ngokuba, owakwaMoya, abantu abaqhelekileyo, bawubiza Wona nje ngokuba iBhayibhile isitsho, “Holy Ghost.” Ntoleyo, uHoly Spirit kunye noHoly Ghost yinto enye. Kodwa balumke kakhulu malunga nalonto. Abafuni kubandakanywa kunye nabo bantu bangabathethi bezilwimi; kwaye oku nguMoya oyiNgcwele, Ngokwawo. Yabona?

Kwenzeka ntoni ngoko? Xa utshaba, elaphuma phantsi kongcwaliseko, elalihlanjiwe, labuyela emva laza lafumana indlu ingazaliswanga ngoMoya oyiNgcwele, ngoku imeko yebandla ihlonyelwe kunye no—nomanyano lweecawa, kunye noMbutho weHlabathi weeCawa. Kwaye yimeko ngoku eyiqhagamshela kunye neRoma yobuKatolika kunye nento yonke yayo, kwaye ngoku iphindwe kasixhenxe ukuba mandundu kunokuba yayinjalo ngexesha lokuphuma kubuLutere. Kulapho umntu ayisa khona.

⁴⁹ Kwaye ngoko jonga kwiSigaba seBandla laseLawodike emva kokwamkela uMoya oyiNgcwele, kunye nolwazi kunye noMoya kaThixo ngaphakathi Kulo, kwaye ngoko imisebenzi kaThixo iyaphikwa siso, siwubize Wona “umsebenzi ongcolileyo.” Ngoko kumalunga nantoni noko? Apho kulapho uKristu akhutshelwa ngaphandle kwebandla ElileLakhe. Yabona? Wa... Ayizange imbonise Yena ebandleni yade yeza eLawodike; kwaye xa Wafika eLawodike, Wayekhutshelwe ngaphandle kwebandla elileLakhe, ezama ukungena ngaphakathi.

⁵⁰ Ngoku, bona, ungcwaliseko zange limngenise ngaphakathi Yena. Ungcwaliseko lwacoca nje indawo ukwenzela Yena. Kodwa xa ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele lusiza, lumngenisa ngaphakathi ebantwini Yena. Kwaye ngoku bamgxothele ngaphandle Yena, xa Waqalisa ukubonakalisa ubuYena, okokuba ikwaNguye izolo, namhlanje, naphakade. Bamgxothele ngaphandle Yena ngokuba bazenza ihlelo, kwaye u—uMoya weNkosi awuvumelani nehlelo labo. Niyayiqonda ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ukuba, bamkhuphela ngaphandle Yena. “Asifuni nto yakwenza nanto nalufundo ngqondo. I—isuka kuMtyholi. Kukuvumisa. Okanye...” Yabona?

Abaqondi. “Amehlo, kwaye ababoni; iindlebe, kwaye abeva.” Yabona? UThixo uvula kuphela amehlo njengokuba

Ethandile. “Umenza lukhuni lowo Amenza lukhuni, Unqwenela uku, kwaye—kwaye—kwaye anike uBomi kwabo Anqwenela ukubanika.” Yilonto sikutshiloyo iSibhalo.

⁵¹ Ngoku, siyazibona eziyure sikuzo, kwesisigaba, kwaye siyabona ukuba yayiyintoni. Kwaye uMoya oyiNgcwele wohlwaya isigaba esamkhuphela ngaphandle Yena. Kodwa, kuko konke oko, ingaba uqaphele, “Kulowo weyisayo”? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nkqu nakwesilihlabathi, esingcolileyo isigaba sebandla, “Lowo weyisayo.”

⁵² Sifumanisa apha ukuba uThixo wasoloko enabeyisi. Waba nabeyisi kuzo zonke izigaba. Kwasoloko, lonke ixesha, kuso sonke isigaba esabakhoyo emhlabeni, uThixo wasoloko enomntu Anokubeka izandla Zakhe kuye, njengengqina emhlabeni. Akazange abengongenangqina, noko maxa wambi liba linye kuphela. Kodwa mntu uthile uyeyisa, ngoku, njengabangcwele bakudala.

⁵³ Kwaye e—elunge kakhulu indoda, isifundiswa, wayesithi, emva *KwaMatywina Asixhenxe*, wathi, “Mzalwana uBranham, wena ekubeni ungu—umchwethezi, umzekelelisi, gxebe,” wathi, “njani ehlabathini ungabeka elaaBandla kuXwilo ngaphandle kwexesha leNtshutshiso, kwimfuziselo?” Wathi. . .

Uyabona, ukuba ngumfuziselo, kufanele kubekho i. . . kufanele. . . Ukuba kukho uqobo, kufanele ukuba kubekho umfuziselo ukuze olwaqobo luphume kuwo. Kwaye yonke into endiyitshoyo, oko kuyinyaniso, inomfuziselo. Inawo umfuziselo. Unesithunzi. Kwaye iBhayibhile yathi, “Izinto ezindala zazisisithunzi sezinto ezintsha ezizakuza.”

Wathi, “Kodwa ngoku uthabathe iTestamente Endala njengesithunzi. Ngoku,” wathi, “uzakwenza ntoni ngeliBandla?”

⁵⁴ Le ndoda ivela e. . . Indoda ebalulekileyo, umfundisi obalulekileyo lowo ngumhlobo wam osenyongweni, indoda elunge kakhulu, kwaye ungumzalwana othandekayo. A—andinakho ukutsho nelinye igama ngokuchasene nomzalwana. Andinakho, nakanjani. Nje—njengo. . . NjengoMkristu, andinakutsho nto ngokuchasene naye. A—a—akavumelani nam ngalowa mnye umxholo, kodwa u—ungumzalwana wam othandekayo. Sitya kunye. Kwaye, owu, ulityendyana nje lomfo. Ndithathe ulindixesha wakhe, ndafunda inqaku lomhleli lakhe. Kwaye ubhale amanye am, njalo njalo. Kwaye ndithathe ezininzi izicatshulwa kokwendi—ndikufundileyo—fundileyo kwinqaku lomhleli lakhe, ndamva esitsho. Uyindonda ebalulekileyo, kodwa a—akanakho nje ukuvumelana nam. Ndiyayincoma lonto, yokunyaniseka kwakhe. Nangona angenakho nje, enye yalamawexu-wexu, avumelana nayo yonke into oyitshoyo. Unembophelelo eyiyeyakhe, kwaye uyayimela. Ndiyayincoma

lonto. Kwaye uyindoda elungileyo. Owu, a—andingomfundisi okanye isifundiswa, konke, kodwa le ndoda ungokubini umfundisi kunye nesifundiswa.

⁵⁵ Kodwa a—andinakuvumelana naye, 'kuba andiyiboni. Kodwa, ayisingiselanga elusindisweni, isingisele eKubuyeni kweNkosi. Ubona ukuba iBandla kufanele ligqithe kwixesha leNtshutshiso, ukuze lihlanjululwe. Ndithi iGazi likaYesu Kristu lalihlambulula iBandla. Yabona? Alidingi. . .

Ndiyakholwa ukuba ibandla liya kwixesha leNtshutshiso, ibandla elingumbutho, kodwa uMtshakazi awuyi. Ungakhetha umfazi okufanele umngwalise phambi kokuba umtshate? Yabona? UMtshakazi kaKristu ukhethiwe, kwaye woNyuliwe. Kwaye unguMtshakazi kaThixo, uMtshakazi kaYesu Kristu.

⁵⁶ Kwaye ngoku wathi, “Uzakuyifuzisela njani lonto, ukuba laMtshakazi uyangena, Uyahamba phambi kokungena kwixesha leNtshutshiso?” Ndathi, “NdineSibhalo esikubonisayo ukuba iBandla likwixesha leNtshutshiso.”

Ndathi, “Funda nje iTywina leSithandathu, kuko konke, lilapho kanye phantsi kwexesha leNtshutshiso. Kodwa ufumana, nje phambi koko, uMtshakazi umkile. Yabona? UseluZukweni ngela xesha. Akanalu hlanjululo.” Yabona?

“Lowo ukholwayo kuM unoBomi obungunaphakade, kwaye akasayi kuza ekugwetyweni okanye eMgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini.” UKristu wanika isithembiso sokuba asisayi kuma nkqu naseMgwebeni. Simahla Wathabatha indawo yam, ndade ndabangokhululekiyo ngokugqibeleleyo. Xa ndixolelwe, ndixolelwe. Angandithabatha andikhuphe njani kwivenkile yokuthengiswa, afumana irisithi ecacileyo, ukuba. . . AnganguMsindisi wam njani Yena, andithabathe kwivenkile yokuthengiswa, aze umrhwebi abe esathi ndingowakhe? Ndinerisithi ebhaliweyo, amen, yabona, ibhalwe ngeGazi likaYesu Kristu. Yabona? Ngoku, kokuya, naku apho siza khona.

Wathi, “Ngoku, uzakufumana njani, kwahlula njani laMtshakazi unyuliweyo uthetha ngaye ngoku, uzakubeka njani Okuya phantsi komfuziselo?”

⁵⁷ Ndathi, “Ilunge kakhulu.” Ndathi, “Nantsi apha. Ngoku, kuMateyu, isahluko sama-27 nomqolo wama-51.” Ukuba si. . .

Mandiyifunde nje, ukuze ke si—siyifumane kakuhle. Ngoko siyafumana okokuba yayifuziselwe okanye hayi, okokuba ingaba ungonyuliweyo na uMtshakazi. UMateyu, isahluko sama-27 kunye no—nomqolo wama-51. Kulungile. Sifunda oku, ekubethelelweni kweNkosi yethu.

Kwaye, khangela, ikhuselo letempile lakrazuka kubini ukusuka ngasentla ukuya emazantsi; . . .

⁵⁸ Ngoku, lowo yayingumthetho. Umthetho waphela kanye apho. Ngokuba, ikhuselo lagcina ibandla lingayi kumacwecwe angcwele kaThixo. Kuphela ngothanjisiweyo umbingeleli ongenayo ngaphakathi phaya, kwaye, oko, kanye ngonyaka. Khumbula? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku, uThixo, ngesandla esiseSakhe Buqu, qaphela, "ukusuka emantla ukuya amazantsi," hayi ukusuka amazantsi ukuya emantla. Zinyawu ezimashumi mane ukuphakama. Qaphela, hayi ukusuka amazantsi ukuya emantla, kodwa "ukusuka emantla ukuya amazantsi," ukubonisa ukuba yayenziwe nguThixo. Wakrazula ikhuselo kubini, ngoko ngenxa yoko, nabani na, nawuphi othandayo, angeza axhamle kubungcwele Bakhe. Yabona? Kulungile.

... ukusuka emantla ukuya amazantsi; kwaye umhlaba wanyikima, acandeka amatye;

Kwaye amangcwaba avuleka; kwaye imizimba yabaninzi abangcwele ababelele yavuka,

Baphuma emangcwabeni emva kokuvuka kwakhe, . . . bangena esixekweni esingcwele, kwaye babonakala kwabaninzi.

⁵⁹ Nanko lowa Wanyuliweyo, lowa Mtshakazi. Asililo lonke ibandla lamaJuda elaphumayo ngelaxesha. Bonke benza idini elinye. Bonke babephantsi kwegazi eliphalaziweyo lemvana. Kodwa kwakukho iQela elinyuliweyo; kwaye elaQela linyuliweyo, kwamsinya isiganeko sisiza, elo akholelwa ngenene Kuso ngokunyanisekileyo. Ngoku ndiza kwigama *ukoyisa*. Ngoku kubambe oko. Aba boyisayo ngokwenene, ngokunyanisekileyo benza kwa idini elinye abalenzayo nabanye, kodwa, ekunyanisekeni, boyisa izinto zehlabathi. Xa babesenzelwe kakuhle isingxengxezo, babese paradisi kwade kwadlalwa oko ngelo xesha. Xa ela xesha lenziwa, boyisa kwaye babephumlile, belele; yabona, "imizimba emininzi yabo babelele eluthulini," yabona, belele.

⁶⁰ Ngoku, ukuba besinexesha, besingaya emva kuDaniyeli, xa, uDaniyeli, laa monyulwa weyisayo. Kwaye Wathi, "Yivale iNcwadi, Daniyeli, ngokuba uyakuphumla kwiqashiso lakho. Kodwa xa iNkosana isiza, eyakumela abantu, uyakuma kweloqashiso." Nantsi yiyo. UDaniyeli, lomprofeti kaThixo, wabona isiphelo sexesha sisiza. Kwaye Wathi, "Daniyeli, uyakuma eqashisweni lakho ngaloo mini." Kwaye nanku elapha, esiza; hayi wonke uSirayeli, kodwa uMtshakazi-mfuziselo kaSirayeli. Ngoku, inxenye kaSirayeli ayiveli kude kube luvuko lomntu wonke.

⁶¹ Kwaye ngoku, eKuzeni kweNkosi uYesu, abo bakuthandayo ngenene Ukuza Kwakhe, abaphilela kona; xa athe Wabonakala esibhakabhakeni, iBandla elifele kuKristu liyakuvuka, kwaye abo bayakuguqulwa ngephanyazo. Inxalenye yabo abayi

kwazi nanto malunga nayo. Khumbulani, “Babonakala kwabo basesixekweni.” Yabona? U—u—uXhwilo luyakuba njalo. Siyakubonana, kwaye siyakubabona bona. Inxalenye yehlabathi ayiyikubabona bona. Iyakuxhwilwa imke njengokumka ngokuzimela. Silinde elo xesha!

Ngoku ukubuyela emva emhlabeni ukuzela leyo izukileyo iMillennium, ngoko amawaka alishumi eminyaka... “Inxalenye yabafileyo abaphilanga iwaka leminyaka.”

⁶² Kwaye ngoko kuza uvuko lwabaninzi, apho, wonke uSirayeli. Kwaye ngokunjalo, jonga phaya, abapostile abalishumi alinambini, amadoda amakhulu alishumi elinambini, bonke bemelwe. Kwaye asikabi nayo lonto okwangoku. Mhlawumbi, iNkosi ithandile, siyakuyifumana kwiTestamente, kanjani ezondonga zeyaspire, kunye namatye alishumi elinambini, amasango alishumi elinambini, iziseko ezilishumi elinambini, konke oko kumelwe. Apha bakwiitrone ezilishumi elinambini, iingelosi-bathunywa baloo mihla, ukuzisa umgwebo phezu kwabo bangawamnkela umyalezo wabo. Amen. Nako kusiza la yure inkulu. Ehe.

⁶³ Enjani imini, elinjani ixesha esiphila kulo! Indlela ekufuneka silihlole, Bandla. Ngoku sithetha ngezi zinto zisiza, ezizakuza. Ngoku, namhlanje, masingene emva koku kwaye sibone, sizihlole kwaye sibone ukuba silungile na eluKholweni.

⁶⁴ Ngoku masithathe abambalwa abeyisi okwemizuzwana embalwa, ngamaxesha emihla kaNowa, eyayifuziselwa nguYesu Kristu, ekubeni nje nganamhlanje.

Ndicinga ukuba ndineshumi lemizuzu. Ngoku ndiyakuba sisiqingatha seyure. Ndisaqalisa nje, iphepha lokuqala. Ndiyakutsiba embalwa awo, ukuba ndinganako. Kwaye ndifumane oko...

⁶⁵ Ngexesha likaNowa, umfuziselo wanamhlanje: uYesu wabhekiselela kuwo, kwaye wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngexesha likaNowa, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu. Ngexesha likaNowa, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.” Qaphela, kwakukho konke okuya kulihlabathi kuphambi konogumbe, mhlawumbi izigidi zabantu, kwakukho abasibhozo abeyisi. Isibhozo sabantu soyisa, oko kwakuyinene, abeyisi benene. Kwakukho oonyana bakaNowa abathathu kunye nabafazi babo, kunye noNowa nomfazi wakhe. Abasibhozo beyisa, abangenayo emkhombeni ngelo xesha lililo. Bayenza njani? Baphulaphula kwiLizwi likaThixo. Zange bafunyanwe ngaphandle komnyango. Bafunyanwa ngaphakathi komnyango.

⁶⁶ Owu, bahlobo bam abathandekayo, sanukuvumela olwacango luvaleke. UYesu wathi, “Njengoko kwakunjalo ngaloo mhla, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.”

(Enkosi, mzalwana.) “Kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.” Ngoku, kukho umntu ozakufunyanwa ngaphandle kolwacango.

Abaninzi babo basenokuba babeneenjongo ezilungileyo, kwaye, “Ngenye imini, ukuba into enjalo iyenzeka, siyakungena kunye naye uMzalwana uNowa, 'kuba ungumfo olungileyo.” Kodwa, uyabona, yafumana nje abasibhozo ngaphakathi.

⁶⁷ Ngoku, cinga nzulu ngoku. Ukuba ukho nje, usaluphala, ngena ngaphakathi. Khawuleza, ngxama, 'kuba ucango lungavalwa nangaliphi na ixesha.

⁶⁸ Kwaye kusoloko kukho umkhombe kubutyebi bukaThixo. Kwakukho umkhombe ngemihla kaNowa, yokusindisa abantu Bakhe. Kwakukho umkhombe ngemihla yomthetho, ityeya yesingqino. Ngemihla yomthetho, babelandela ityeya.

Kwaye kukho ithuba lesithathu ngoku; njengexesha likaNowa, ixesha likaLote, kwaye ngoku ngeli xesha. Kukho umkhombe ngoku. Kwaye loo mkhombe asilohlelo, ingeyiyo nemisebenzi elungileyo oyenzayo. Kungo “ngoMoya omnye,” KwabaseRoma isi-8:1, “sibhaptizelwe eMzimbeni mnye, elulawulweni loba Bukumkani, ubhaptizo loMoya omnye.” Akukhathaliseki nokuba kulunge, kubi, nantoni, ukoba Bukumkani ngo—ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Yabona? Leyo kuphela kwendlela oweyisa ngayo. Kuko konke okuya kuphantsi kweGazi eliphalaziweyo kungabeyisi, 'kuba akunakweyisa, ngokwakho. NguYe owoyisela wena. Uphumlile.

⁶⁹ “Ndiyakwazi njani ngoko, Mzalwana uBranham, ukuba ndiLapho?” Jonga loluphi uhlobo lobomi obuphilayo. Bheka bheka nje. Bona nje ukuba iyaphila ngokuphandle ngawe, ngokuzenzekela. Okanye, kufanele usokole kwaye utsale, yabona, ngoko uyayenza. Kodwa sukuzama ukuyenza yona. Wakhe wazama? Ehe. Ungakhe.

⁷⁰ Njengokufaka ingalo yosana emkhonweni, uyabona. Uyeniyusa nje, ahlise, ngaphaya, kunye nento yonke eyenye. Yabona? Akanakuyenza. “Faka isinxibo sakho, sthandwa.” Akanakuyenza. Ingalwana encinci iphezulu, ezantsi, jikelele. Kuthabatha ingalo yakho eqinileyo.

Owu, indlela endivuya ngayo, ndingayekelela nje ingalo yam kuBawo, ndithi, “Nkosi Yesu, andinakufika khona Phaya. Ndincede Wena. Faka isinxibo kum.” Ndiyayeka ukuzama. Myeke nje Yena ayenze. Yabona?

⁷¹ Ukuba usana oluncinci luyaqhubeka luzama, “Owu, ndinakho ukuyenza. Ndinakho ukuyenza.” Kwaye ukwindawo yonke. Akanakuyenza.

Nawe awunakho, nam andinakho, kodwa ukuba singazola kwaye simyeke Yena ayenze. Ziyekele nje kuYe, “Apha,

Nkosi, naku ndilapha. Nje—nje ndenze ndingabiyonto. Ndi—ndiyayekela. Wena beka isandla sam endaweni elungileyo.” Olo luloyiso. Oko kukweyisa.

⁷² Into ekuyafuneka uyeyisile sisiqu sakho, imbono yakho, into yakho, kwaye uzinikezele kuYe. Uyakweyisela Yena. Uyayazi Yena indlela; asiyazi thina.

⁷³ Kodwa ngexesha likaNowa kwakukho isibhozo sabeyisi, kwaye yilonto yangenayo ngaphakathi. Bavaleleka ngaphakathi.

Ngoku jongani, zihlobo. Ndiyakholwa bayakushicilela oku. Kwaye ukuba kukumabonakude, okanye hayi kubamabona-...uxolo, iteyiphu. Nantoni na oyenzayo, lowo umameleyo ngoku, okanye lowo uyakumamela emva koku, iyure imkile kakhulu, kwaye unayo injongo elungileyo, kodwa valeleka ngaphakathi. Ngoku, sukuzamazama. “Asingulowo uthandayo, okanye lowo ubalekayo, kodwa uThixo.” Yekela nje kuThixo. Ziyekele nje kuYe uze uqhubekeke, ngolugqibeleleyo, olonelisekileyo ukholo, kuba, “Oku uThixo akuthembisileyo Unakho ukukwenza.” Hayi ukuzixomezelela kwelinye ihlelo, elinye ihlelo, ukuqhuba *le*, *leya*, okanye *enye*, uzame *le*. Ziyekele nje kuThixo, uze uhambe naYe, ngoxolo, ngokuthula, ungaphazanyiswa. Qhubekeka nje uhamba kunye Naye. Ilungile.

⁷⁴ Yilonto ndiyixelele umzalwana wethu obesandula ukuba no—nokwahluleka. Yabona? “Yekela nje kuYe. Ulapha, Lowo Waziyo okwenzileyo, kunye noko kubangele ubuwena kwaye wenze *ngale* ndlela, kunye nako konke oko. Wazi konke malunga nawe, kwaye ngoku Usandula ukuxelela emva nje omawukwenze. Ngoku,” ndathi, “kuphela kwento omawuyenze kukuhamba uyokuyenza. Kuku, libala konke malunga nokugqithileyo, hamba, philela ikamva, eluZukweni naseBukhoni bukaThixo.”

Isibhozo sabeyisi.

⁷⁵ Ngemihla yexesha likaDaniyeli, kwakukho abane abeyisi ababenokumela uvavanyo lomlilo kunye nengonyama.

Ngoku, silindeleke ukuba sivavanywe. Eso sisifundo esilungileyo kumzalwana wam—wam emva phaya, ngokunjalo. “Lowo uzayo kuThixo kufanale avavanywe.” Avavanywe (intoni?) ngeLizwi. Luvavanyo lukaThixo olo. Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Lowo uzayo kuThixo kufanale avavanywe.” Oko kubonisa kuphela umntwana wenyani, ngoko, yabona, avavanywe. Kwaye xa uvavanyo lusiza...Akunakweyisa ngaphandle kokuba kukho uvavanyo olunikiweyo. Kwaye xa uvavanyo lunikiwe, kukujonga ukuba ungoyisa na okanye hayi. Kwaye uYesu wathi, “Kulowo weyisayo,” uvavanyo. Uvavanyo yeyona nto inkulu yakhe yenzeka kuwe. Ndiyakholelwa ukuba ibhaliwe eSibhalweni, uPetros wathi, ukuba, “Izilingo zethu zilunge kuthi ngaphezulu kwegolide ecikiziweyo.” Lixesha lokuvavanywa.

Bubungqina obunye obulungileyo kuthi bokuba uThixo unathi, xa sivavanywa, kuba bonke abantwana bakaThixo bayavavanywa kwaye balingwe.

⁷⁶ Kwaye uDaniyeli, indoda, umprofeti; uShadraki; uMeshaki; kunye no-Abhede-nego; uDaniyeli wayengumprofeti; kwaye lowo yayingumlinganiselo weBandla ngaloo mini, ndithetha, uMtshakazi. Kukho ezininzi iicawa, malunga nezigidi ezibini zabo behla baya phaya. Kodwa kwakukho... Yayingumlinganiselo womeyisi. Kwaye bona abeyisi babebekwa eluvavanyweni. Kwaye wonke umeyisi kufanele abekwe eluvavanyweni. Kwaye xa bathi, “Susani elikutshoyo iLizwi, okanye niyakuphoswa ezikweni elivuthayo,” bayala yonke into hayi iLizwi.

⁷⁷ Kwaye xa uDaniyeli wanikwa uvavanyo, lokuba asuse elikutshoyo iLizwi, lokuba mabaqubudele kwicala letempile, njengoko uSolomon wathandazayo, kwaye Uyakubahlangula bona kuzo zonke izinto. UThixo uyakuva eseZulwini ukuba balale... bajonge ngakwicala letempile baza bathandaza. Kwaye wathi, “Ukuba umntu uthandaza kangangalo mlinganiselo weentsuku... Kwaye singamaMedi-Perezi, angenakuguqula okanye ajike imithetho yethu. Loo mntu uyakunyama emhadini weengonyama.”

⁷⁸ Bamenzela umgibe. Ndiyakholelwa ukuba umprofeti wayeyazi lonto. Kodwa bemenzela umgibe. Wahamba ngokuthobekileyo. Xa kufika ixesha lakhe lokuba athandaze... Xa, wayesazi, ekhayeni lakhe eYerusalem, kwakukho umbingelelo ovuthayo esibingelelweni. UDaniyeli wayengoyiki ezo ntlola. Waphakamisa izikhusi, wavula iingcango, waza waguqa ngamadolo akhe, waphakamisela izandla zakhe kuThixo wathandaza. Kutheni? Phila okanye ufe, wayenoloyiso. Kwaye, ngokoke, uloyiso oluninzi de neengonyama zingabi nakumtya. Wo—woyisa.

⁷⁹ U... Shadraki, Meshaki, Abhede-nego babenolukhulu uloyiso yade nengonyama... de nomlilo awabinakubatshisa. Uyazi, uloyiso yinto enzima ukuyitshisa, okanye ukuyitya, okanye nayiphi into. Yabona? Ke, ba, babenalo.

⁸⁰ Ndingachaphazela mhlawumbi esinye isimilo. Ngemihla kaLote, uYesu wabhekiselela kuso, babebathathu kuphela aboyisayo, uLote neentombi zakhe ezimbini. Nomfazi lo wakhe; zange oyise. Wa—waqalisa waphuma. Ungumfuziselo. Ndingwenela ukuba besinexesha. Imizuzu yam engamashumi amathathu iphelile kanye ngoku. Yabona? Yabona? We, wenza kakuhle, washiya.

⁸¹ Ngoku ndifanele ndikunikezele oku kuni, nje okomzuzwana. Abaninzi benu bashiyile, nabo. Abaninzi benu bazishiyile ezi zinto, ukuze nithabathe indawo yenu, emva kokuba uyiphandle Yona ngeSibhalo waza wayifumana Yona

ilungile. Ubona ukungqinelwa koThixo uSomandla; hayi ngokuthile, *ngokutshiwo* ngothile ukuba kukungqinelwa. Ngokutshiwo yiBhayibhile ukuba iyakubanjalo, kwaye naku Iyenza lonto. Uyibonile ukuba Yayiyi Nyaniso. Ke, wazilungiselela, ukuyishiya iSodom, ushiye ihlelo, ushiye izinto ezikubophelelayo kwimigaqo; kwaye ulandele uKristu, ngoMoya oyiNgcwele ezingqinela Ngokwakhe ngeLizwi elibhaliweyo likaThixo. Ngamanye amazwi, uthabathe iBhayibhile endaweni yemigaqo. Uzilungiselele, ukulandela.

⁸² Kulungile, umfazi kaLote wenza kwa into enye, uyazi. Walungiselela, ukuhamba noLote, walandela indoda yakhe, abantwana bakhe, abakhe abathandayo, kodwa Yayingekho sentliziweni yakhe. Wayesalithanda ihlabathi. Ke kuyakwazeka ukuba ungasenza isiqalo, kodwa ube uselihlabathi kuwe. Yabona? Akazange weyisa. Kwaye nangona wayesindleleni, ekugqibeleni yambhukuqa. Kwafuneka athabatha kube kanye okuya kukhulu, kude, ukujonga kokugqibela. Nako apho wabambiseka khona. Sukujonga nokujonga ngasemva. Sukuba naminqweno. Qhubeka hamba. Beka ingqondo yakho eKalvari kwaye uqhubeke uhambe uye ngakuKristu. Yabona?

⁸³ Waqalisa waphuma, njengomeyisi, kodwa zange weyisa. Owu, washiya ihlelo. Wayenza. Wahamba waphuma eSodom, kunye noLote. Kodwa wafuna ukubuyela emva ukuze achebe iinwele zakhe. Uyazi ukuba ndithetha ukuthini. Yabona? Kwafuneka abuyele emva. Wayengenakho nje ukumelana no—novanyo. Kwafuneka ajonge ngasemva kwakhona, ukuze abone ukuba abanye babesenza ntoni. “Owu, uyazi, ndinezihlobo zam ezilungileyo ezantsi phaya, kuyo yonke lonto. Kwaye, kuyo yonke lonto, lena ingaba nje yencinci—yencinci intshukumo. Andazi nokuba ingaba yelungile okanye hayi. Ndi—ndinelizwi lale ndoda kuphela ngayo, nangona eyindoda yam. Kodwa okwangoku...” Umalusi wakho ngumyeni wakho, ngentetho yakwamoya, uyabona. “Ngoku, nokuba ingayelungileyo okanye hayi, andazi. Mhlawumbi yena, isityihlelo sakhe sasingalunganga.”

Ngoko, ukuba awonelisekanga ngokugqibeleleyo, akuyazi ngokugqibeleleyo ukuba oko LiLizwi likaThixo, ngoko—ngoko akunakuhamba. Yabona? Kufuneka ube ngozinikeleyo ngenene. Kufanele wazi. Hayi nje ukuthi, “Kulungile, ndibona abanye beyenza. Ndibona umqondiso.”

⁸⁴ Uyazi, uSirayeli waqalisa ukuphuma, ndingatsho kwa into enye ndize ndiyizise ngaphakathi apha. Baqalisa ukuphuma, izigidi ezibini benamandla, baze baphelela bengamadoda amabini. Kunjalo. Bayibona imisebenzi kaThixo. Babona ukubonakaliswa kukaMoya. Babona ezinkulu, enamandla imimangaliso isenziwa apho eYiphutha, kunye nayo yonke into, baza baqalisa ukuphuma. Kodwa ya—yayingekho sentliziweni

yabo. Zange beyise. Baphuma nje ngaphandle. Kwaye uYesu wathi, “Kwaye batshabalala entlango,” kwaye bafe ngoNaphakade. “Wonke kubo ufile,” oko kuthetha ukwahlulwa Naphakade. Wonke ngamnye kubo wabola entlango.

⁸⁵ Kodwa kwakukho amadoda amabini, uYoshuwa noKalebhi. Kwaye xa yafika phaya kundoqo, izithintelo zazizikhulu kakhulu de bakhangeleka okwemicikwana icala labo. UYoshuwa waliphakamisa ilizwi kunye noKalebhi, baza bathi, “Singaphezulu kunokuba singayenza.” Kutheni? “UThixo utshilo.” Kwaye babengabeyisi. Boyisa. Babengabo ababeneyhweba, kulambutho wonke mkhulo wabantu, ukuthatha owenene, owonyuliweyo uMtshakazi ukumsa kwilizwe lesithembiso. UYoshuwa noKalebhi bekumgca ongaphambili khona phaya, njengee njengele ezimbini, babakhokelela kanye ezantsi emlanjeni, baza bawela umlambo, ukuya ngaphaya kwilizwe lesithembiso. Kutheni? Balikholelwa iLizwi, nokuba kutheni.

⁸⁶ Ngoko, uDathan wavuka. UDathan, gxebe, wavukela, ngokunjalo noKora, baza bazama ukuthi, “Le ndoda izama ukuzena ibe ngaphezulu kwethu sonke; ingcwele ngaphezu kwabo bonke.” Emva kokuba uThixo eyingqinele ngokusulungekileyo indoda. Bathi, “Siyakuqalisa nje iqela labantu kwaye siyakwenza *oku, okuya, okanye okunye*, kwaye siyakwenza owethu umbutho, siyakuwenza...” Kwaye bafa baza batshabalala.

Kodwa loo madoda ayeneLizwi leNkosi, kwaye ahlala kunye naLo, baza bawelela ngaphaya.

“Asinguye lowo uqalayo; lowo ugqibayo.” Abaninzi bayaluqala ugqatso, kodwa uba Mnye olugqibayo. Ziyakuba ninzi iicawa eziqalayo, amaqela amaninzi abantu. Liyakuba linye iQela eligqibayo. Abo ngabeyisi.

⁸⁷ Umhla kaLote, ewe, kwafanela ukuba athabathe okuya kukhulu, kude ukujonga ngasemva. “Owu, ndishiya *uNantsika-nantsi* ezantsi phaya, wona loo maxesha amnandi esasiqhele ukubanawo. Andizokuze ndiwalibale.” Kwaye wabanjwa, wavalelwa ngaphandle, njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa. Wavalelwa ngaphandle, ngaphandle kwenceba, kwaye watshabalala. Kwaye i—isiduli sisame apho namhlanje. Babanga (Andiyazi) ungaqhekeza intwanana yayo kwaye iyakuphinda ikhule kuyo, intsika yetyuwa. Wakhe wawubona lamfanekiso weSodom *Kunye neGomora*, uyakubona imvelaphi yentsika yetyuwa eyayimi apho.

⁸⁸ Ngoku, kukho umahluko phakathi kwentsika yetyuwa kunye neNtsika yoMlilo. Yabona? Kufanela ujike ngendlela enye. Ehe.

⁸⁹ Qaphela, ngexesha likaYohane uMbaptizi. Kwixesha likaYohane uMbaptizi, kwafumaneka abathandathu abeyisayo. Kuzo zonke izigaba, babenabeyisi. Ngexesha likaYohane

bababathandathu, yayinguYosefu noMariya, Zakhariya noElizabeth, Simeon no Hana. Indoda nomfazi, indoda nomfazi, indoda nomfazi; yabona, umfuziselo kaKristu, iBandla; uKristu, iBandla; uKristu, iBandla; uKristu, iBandla. Yabona? Yabona?

⁹⁰ Qaphela, iqala kumntu wenyama. Hayi, Mo-...uYosefu, indoda yasenyameni, uYosefu, wayeyintoni? Umchweli. Kuze umbingeleli, wayeyintoni, yabona? Umlungiseli endlwini yeNkosi; uZakhariya. Kwaye ukusuka apho, kuya kuSimeon, umprofeti kunye nomprofetikazi. Yabona?...?... Ugwetyelo, ungcwaliseko, ubhaptizo lukaMoya oyiNgewe. Amen. Akuyiboni? [iBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokugqibeleleyo. Abathandathu beyisa. Bonke abanye babo, banikela imibingelelo yabo kunye nento yonke, kodwa aba babeNyuliwe. Beyisa.

⁹¹ Qaphela isigaba ngasinye sebandla. Kwa abanye beyisa xa ba, unyana ngamnye kwisigaba ngasinye sebandla, weyisa ukulingwa kwesa sigaba. Ndinaso iSibhalo apha. Andicingi ukuba sinalo ngenene ixesha lokuyigqiba, kodwa sazi ngasinye kwizigaba zebandla. Into enye ngoku. Ifana nje nomntu o...

⁹² Yabona, njengoko benditshilo ekuqalekeni, uzalwe weyisiwe. Kwaye olwa zalo alusokuze lukuzise ku—kuBomi, ngokuba uzalwa weyisiwe. Kwaye ukwihlabathi eloyisiweyo, phakathi kwabantu aboyisiweyo, phakathi kwemigaqo eyoyisiweyo, amahlelo awoyisiweyo. Kufanele uze kukoyisa ngandlela ithile.

⁹³ Ifana nje nenyibiba. Apho i...Inyibiba, ndicinga, iyenye yezona zintle iintyatyambo ezikhoyo. Ndiyaluthanda kakhulu elohlobo lwenyibiba kunye nezonyibiba zasemgxobhozweni. Ndicinga ukuba akukho enqabe ukubantle njengenkulu inyibiba yasemgxobhozweni, yibize ngokuba yinyibiba yasemanzini. Indlela ekhupha ngayo imitha! Ngoku, ivela phi? Yimbewu encinci, ezantsi kumphantsi wodaka, umgxobhozozo omdaka. Kwaye lambewu incinci, noko, yonke imitha yokuba ingakhanya kukuyo, kukuyo kanye ngoko, xa ikwelo daka. Kodwa kufanele ityhudise, imihla yonke, isazi ukuba kukho into ethile. Kumnyama. Kungcolile. Kumdaka. Kucangathi. Kobobuncangathi ehlala kubo, noko ityhilizela indlela yayo kwelo daka, kobobumdaka, nakuloo manzi, nakwindawo ezidamileyo, ide iveze intloko yayo ngaphezulu, ekukhanyeni, ize ibonakalise oko bekufihliwe kuyo lonke eli xesha.

⁹⁴ Ndicinga ukuba lowo ngumeyisi, lowo, wakhe wasesonweni, wakhe wenza izinto ezazingalunganga, sukuzikhathaza ngayo ngoku. Wakhe wenza izinto ezizingalunganga, ngoko, ngoku kutheni ujongwa emva emgxobhozweni kwakhona? Yabona? Jonga, unayo...

⁹⁵ UThixo, ngolonyulo Lwakhe lwexa elingaphambili, yabona, wazisa lembewu ebomini, kwaye iyazityhilizela,

yabona, ukuza ekukhanyeni. Kwaye ngoku, ngaphezu kwako konke kokuya, yeyisile. Yabona? Ayizibonakalisi ezantsi *phaya*. Iyazinyusa, ukuze izibonakalise.

Akunjalo nakuwe, esonweni sakho—sakho, nasekukrexezeni, nakuyo yonke into ophile kuyo. Akuzange ubonakalise kwanto. Kodwa kwakukho imbewu apho, kwaye yafumana ithuba lokutyhiliza ukufika ekuKhanyeni. Kwaye ngoku useBukhweni buka Yesu Kristu, kunye nokuKhanya kukaNyana. Yazisa kanye oko wawukuko ekuqalekeni. Uyabona oko ndikuthethayo? Ukubonile ukuKhanya. Utyatyambile. Uvule intliziyo yakho, kwaye ngoku uyinyibiba.

⁹⁶ Uyayikhumbula intshumayelo yam ngenyibiba? Mfundisi uNyibiba, ibulaleka njani. “Kwaye, noko, ayisonti. Kwaye noko, uSolomon, kubo bonke ubunewunewu bakhe, akavathiswanga nanjenganye kwezi.” Yi—yi—yi—yi—yi. . . Jonga kuyo. Ikulungele ukuni-. . . Ayizithabatheli nto. Inyibiba ayikhathalele nto malunga nayo. Yenza ntoni? I—ilahlela obo buhle bayo ngaphandle, ubomi bayo, ukuze abanye babe nokubona. Ubomi bayo buyabonakaliswa ngaphandle, ukuze abanye babone uzuko, oko kukuyo, kwakukuyo kweladaka. Ngoku ingasentla.

Lowo ngumeyisi. Weyise udaka. Weyise izinto zelihlabathi. Kwaye ngoku unikezela ngesiqu sakhe simahla. Wonke umntu angajonga kuye. Ubomi bakhe, akanakubeka mnwe kubo. Yabona? Ungumeyisi wenene. Akunakutsho nto malunga naye ngoku. Uthi, “Uphuma eludakeni.” Kodwa akakho eludakeni ngoku. Ungaphezulu kwalo. Amen. Akunakho ukukhomba emva ngoku koko wayekuko. Uyintoni ngoku? Ungaphezulu.

⁹⁷ Ngoko inyosi iyeza kwaye ithi, “Sisiqholo esimangalisayo. Ndiyakholwa ndiyakuya ndifumane isabelo sam.”

⁹⁸ Ivula nje intliziyo yayo, “Yiza ngoku. Kulungile.” Yonke into ithabatha kuyo. Yabona? I, ingumalusi wenene. Ibonakalisa Uzuko lukaThixo. Kwaye jonga apho ivela khona. Kufuneke yoyise, ukuze yenze oko.

⁹⁹ Ngaxesha lithile, waye okanye yayisentsha kwaye ilungile, intle. Babenokuhendwa okuninzi ababefanele ukugqitha kuko, kodwa bakweyisa oko. Yabona? Beyisa. Ngoku babonakalisa obona buhle bukaKristu ebomini babo. Qaphela, kuveza, eludakeni.

¹⁰⁰ UYesu wasinika umzekelo, masiyenze njani. Ngoku sifuna ukwazi singoyisa njani. UYesu wasixelela singayenza njani. Yabona? Intobeko! Wabhinqa Ngokwakhe, wathabatha itawuli, waza wahlamba iinyawo zabafundi waza wazisula. Oyena Thixo weZulu wazihlazisa Ngokwakhe.

¹⁰¹ Asifuni kuhlaziseka. Sesosizathu abafazi bengafuni iinwele zabo zikhule; isizathu bengafuni kunxiba njengamanenekazi afanele kukunxiba. Nje, ngamadoda awafuni, yabona, yinto ekwanye. Abafuni. Ba, bayahlaziseka.

Kodwa, uYesu, rhoqo! Jonga Wayengubani Yena. Ubukhulukazi! Ndizokutsho into. Ubukhulukazi buyazihlazisa. *Ubukhulukazi* buyazithoba. Ubukhulukazi!

¹⁰² Ndibe nenyhweba yokufumana, ndihlangane namadoda abalulekileyo. Kwaye ngaba bafo bafumana ukuguqulwa kwempahla, kunye namashumi amahlanu eesenti esingxotyeni zawo, kwaye bazikroxomise, lowo ngumfo ocinga ukuba uyinto ethile ngelixa engento. Kodwa ndime ecaleni lamadoda abalulekileyo, ndithetha abalulekileyo amadoda enemikhono edlakadlaka, izikhafu. Bakwenza uzive ucinga ngokuba ungumntu obalulekileyo. Yabona?

Ubukhulukazi kukuthobeka. Ningayilibali lonto, Bandla. Ubukhulukazi bubonakaliswa ekuthobekeni, hayi ukuba ungabamhle kangakanani.

Andithethi kungcola, ngoku. Ndi—ndi intobeko emoyeni. Yabona? Andithethi phuma—phuma nje ngaphandle kwaye...Hamba uye kuhlamba uze ucoceke. Oko, ufanele ukwenze oko. Uyakwazi oko. Yabona?

Kodwa ndithetha malunga nokuthobeka, ukuthobeka kwenene, hayi into yokuzenzisa. Into eyiyo, leyo yintobeko ngenene.

¹⁰³ UYesu wasixelela ukuba siyenze njani. Weyisa. Ithetha... *Ukweyisa* kuthetha “ukumelana novavanyo,” oko kunjalo, njengabo bonke abakudala abangcwele benzayo; njengoYesu wenzayo: phakathi kwazo zonke iintshaba Zakhe, Wamelana novavanyo. Yonke into awayevavanyelwa yona, Wayimela. Ekujonganeni nokugula, kwaye Yena ekubeni enguMesiya, Wabaphilisa bona. Ekujonganeni nokufa, Wabuyisela ebomini. Ekujonganeni neKalvari, ukufa Kwakhe Buqu, Wakoyisa ngokuzinikela Yena. Kutheni? NgeLizwi. Wathi, “Yidilizeni le Tempile, kwaye Ndiyakuyivusa ngeentsuku ezintathu.” ILizwi litsho njalo. Yabona? Kwaye ebukhoneni bokufa, Wakweyisa. Weyisa ukufa. Ebukhoneni besihogo, Wasoyisa isihogo waza weyisa isihogo. Ewe. Ebukhoneni bengcwaba, Weyisa incwaba. Kutheni? Konke ngeLizwi, kunye nokuthobeka. Owu, bethu! Nantso eyona Ndoda. Nanko Oyena nokuzenzela umzekelo ngaye. Yabona? Woyisa yonke into, wayoyisa.

¹⁰⁴ Jonga. Isilingo yayiseSakhe. Uyayazi lonto? IBhayibhile yathi, “Walingwa kuwo wonke amanqaku njengoko sisenziwa, noko akabi nasono.” Walingwa ngo—ngokusela. Walingwa ngabafazi. Walingwa ngayo yonke into ekunokulingwa ngayo. Walingwa ngayo yonke into esilingwa ngayo. Wayeyi Ndoda, kwaye noko kunjalo wawungenakubeka phawu kuYe. Ewe, mhlekazi.

¹⁰⁵ *Ukweyisa* kuthetha “ukumqonda uMtyholi kuwo onke amaqhinga akhe.” Abantu abaninzi bathi, “Akukho Mtyholi. Yingcinga nje.” Ungayikholelwa lonto. Ukho uMtyholi

wenene. Uyinene njengokuba unjalo okanye nabanina. UMtyholi wenene, kwaye kufanele umqonde eyinene. Kufanele umazi ukuba ulidemoni. Ngoko, kwa ngeloxesha elinye othi u—umqonde, kwaye wazi ukuba ulidemoni kwaye uchasene nawe, ngoko, ukweyisa, kufanele wazi ukuba uThixo okuwe mkhulu kwaye enamandlakazi kunokuba enjalo, okokuba Lowo ungaphakathi kuwe selemeyisile yena. Kwaye, ngobabalo Lwakhe, ungaphezulu ekuthelekisweni naye. Amen. Nanko emeyisi wenene, xa uqonda.

¹⁰⁶ Ujonga ngasemva, uthi, “Ndenza *oku* kwaye ndenza *okuya*,” ngoko, hayi, wo—woyisiwe.

“Kodwa akukho kugwetywa kwabo bakuKristu uYesu, abangahambiyo ngokwenyama, kodwa ngokoMoya.” Ngoko uyaqaphela ukuba weyisile.

Kwaye uyazi ukuba lidemoni. Akunakuthi, “Ndifumene isigulo, kwaye a—a—a—andikholelwa ukuba sisigulo.” Owu, ewe, sisigulo. Unomhlaza, aku “kholelwa ukuba ngumhlaza.” Ngumhlaza. Ngumhlaza.

Kodwa, khumbula, “Mkhulu Lowo ungaphakathi kuni kunalowo usehlabathini.” Kufanele nazi ukuba uMoya oyiNgcwele ongaphakathi kuni seleyeyisile lento. Kwaye ukuni Yena, kwaye ningoyisa ngaYe. Oko kuyavakala ngokuchanekileyo, ngokuchanekileyo ngendlela iSibhalo sibhaliweyo. Ukweyisa!

Ndifanele ndikhawulezise. Ndigqithile kwimizuzu engamashumi amane anesihlanu ngoku. Ndikwixesha elongeziweyo ngoku.

¹⁰⁷ Qaphela, emeyisi! UThixo okuni mkhulu kunalowo ukuye. Uthixo welihlabathi akamkhulwangwa njengoThixo weZulu, lowo ukuni, njengoko ubumnyama bungenakuma ebukhoneni bokukhanya.

¹⁰⁸ Ngoku, ubumnyama abunakuma ebukhoneni bokukhanya. Andikthathi nokuba kumnyama kangakanani, ukukhanya kuyakususa. Abunakumelana. Uzuko! Kodwa uthatha kangangoko kubumnyama onokubanakho, uze uzame ukumelana nokukhanya ngaxesha nye, bona okwenzekayo.

Nguye Lowo ungaphakathi kuni, ukukuKhanya. Kwaye nalowo usehlabathini ububumnyama. Ke, ukuKhanya kubonakalisile ukuba kuyabeyisa ubumnyama, kwaye umntu okuKristu kwaye esazi ukuba uzeyisile izinto zehlabathi. Amen. Ayinaqhagamshelwano kwakhona nawe, konke konke. Ukhululekile. “Hamba ekuKhanyeni, njengoko Yena esekuKhanyeni, kwaye iGazi lika Yesu Kristu liyasicoca kuso sonke isono, kwaye sinobudlelane omnye nomnye.” Nako ke apho ukhona.

¹⁰⁹ “Lowo ungaphakathi kuni mkhulu kunalowo usehlabathini.” Ngoko, ukuba nijonga emva, niyohlwaywa,

ngoko nisesehlabathini. Kodwa ukuba niphila ngaphezulu koko, ngoko Yena lowo ungaphakathi kuni unikhokelele ngaphezu kobumnyama.

Njengenyibiba, ingaphezulu kobumnyama bedaka. Ingaphezulu kobumnyama bamanzi anodaka. Isekukhanyeni, ibonakalisa ubuhle obabubekwe kuyo phambi kokuba ishiye udaka. Amen.

¹¹⁰ Ngoku ndi—ndiziva njengoMkristu okhwazayo. Yintoni leya yayilapho ngoThixo, ekuqalekeni, yatyhilizela indlela yayo ukuphumela, ukweyisa. Yoyisa ingxam. Yoyisa udaka. Yoyisa amanzi. Yoyisa yonke into, kwaye yaba ngumeyisi, yaza yabonakalisa ubuhle kunye Nozuko lukaThixo.

¹¹¹ Yiloo ndlela lonke ikholwa lenza ngayo. Yiloo ndlela uNowa wenza ngayo. Yiloo ndlela uLote wenza ngayo. Yiloo ndlela. Jonga imbutyulelo eyayikuyo. Yiloo ndlela uMoses wenza ngayo. Yiloo ndlela uYoshuwa wenza ngayo. Yiloo ndlela uDaniyeli wenza ngayo. Yiloo ndlela uShadraki, Meshaki benza ngayo. Yiloo ndlela uYohane uMbhaptizi wenza ngayo; Zakhariya, Elizabeth. Yiloo ndlela laa Simeon, yiloo ndlela laa Hana, bonke ngabanye benza ngayo. Beyisa udaka olwalulapho lubajikelezile lufumbe kubo. Bavelisa iintloko zabo ngaphezu kwalonto, kwaye bakhazimlisa uZuko lukaThixo. Yilonto uMkristu wenene ayenzayo.

¹¹² Khumbula, uYesu wambonisa Yena ukuba yenziwa njani. Amashumi amane eentsuku okuhendwa, Walingwa ngaphezu kwakhe wonke umntu owayenokulingwa, ekulingweni kukaYesu Kristu. Qwalasela. Wasibonisa ukuba yenziwa njani.

Ngoku ndizakuvala, nje kwimizuzu embalwa.

¹¹³ Jonga. Wasibonisa ukuba yenziwa njani. Wayenza njani Yena? NgeLizwi. Yiloo ndlela Wayenza ngayo, ngokuba WayeLilizwi. Kwaye uYesu wathi, “Ukuba nithi nihlale kuM, kwaye naMazwi Am ahlale kuni,” ubuyela eLizwini kwakhona, iLizwi lesithembiso. Yintoni iLizwi lesithembiso kuye wonke uMkristu? “Mkhulu Lowo ungaphakathi kwenu kunalowo usehlabathini.” Ngoko ndingoyisa njani? Hayi mna, kodwa iLizwi elikum. ILizwi nguThixo. Ngoko ndeyisa izinto zehlabathi, ngokuba liLizwi kum. “Ukuba nithi nihlale kuM, Amazwi Am kuni, ngoko celani nje into eniyithandayo.” Qhubekeka nje utyhudisa. Uyenyukela ngaphezulu, nje ngokuqinisekileyo njengayo yonke into. Yabona? Kufanele ukuba uze ngaphezulu.

¹¹⁴ Amashumi amane eentsuku Zakhe zokulingwa, ngeLizwi likaThixo Weyisa. Ndifuna ukuvakalisa into ethile apha nje imizuzu embalwa. USatana wenza uhlaselo olukhulu kathathu kuYe kolwahendo. Qwalasela. Isoloko ikweswo sithathu. Ungayilibali. Yabona? Wenza olukhulu uhlaselo kathathu, ukusuka kokuphezulu ukuya ezantsi. Wazama okungcono

kwakhe ukumeyisa Yena. Kodwa WayeliLizwi. Amen. Wasebenzisa ntoni Yena? Yena buqu, iLizwi. Ukuhlasela okuthathu okukhulu kukaSatana okanye ukubetha phezu Kwakhe, kodwa Wayihlangabeza ngeLizwi. Lonke uhlaselo, Wayenokuphumelela ngeLizwi. Qwalasela oku ngoku, ukusuka ngasentla ukuya ezantsi.

¹¹⁵ Eyokuqala awenza uhlaselo lwakhe kuyo, ukusebenzisa amandla Akhe amakhulu. Ntoleyo, Awayesazi ukuba WayeliLizwi. Wayeyazi indawo Yakhe. Niyakholelwa Wayenjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Mna Nyana womntu.” Wayeyazi indawo Yakhe. Kwaye uSatana weza kwaye wafuna ukuba Asebenzise amandla Angawakhe Yena kuYe, ukumondla Yena, efuna ukuzondla Yena. Wayelambile. Umntu olambileyo, angenza phantse nantoni na. Uyakuba, akhuthuze, angqibe, aboleke, nantoni na. Yabona? Wayekucacele kakhulu ukutya. Kwaye uSatana wasebenzisa olukhulu uhlaselo lwakhe phezu Kwakhe, ukuze athabathe amandla Akhe awayewanikiwe Yena ukuba oyise ngawo aze awasebenzisele kuYe. Akazange awasebenzisele kuYe. Hayi. Wawasebenzisa kwabanye. Injalo lonto. Wawasebenzisa kwabanye, haye kuYe. Ayengengo Wakhe. Nangona, Wayenokuyenza lonto. Wayenokuyenza lonto ngokuqinisekileyo.

¹¹⁶ Kodwa jonga ungena njani uMtyholi? UMtyholi ufuna uzikhathaze ngaye. Ukhathalela kuphela oko uBawo athe kwenze. Injalo lonto.

Wathi, “Kutheni,” uSatana wathi, “kubhaliwe, ‘Uyakuwisela iiNgelosi umthetho...’”

¹¹⁷ Wathi, “Ewe, kodwa kubhaliwe kananjalo...” Yabona? Nako apho ukhoyo. Yabona? Wayesazi ukuba Ungubani Yena. USatana wenza...

INGcinga ihamba nzulu kunokuba Ibhaliwe. Yabona? Yintumakalelo. Undoqo ungaphakathi Kwayo, uyabona, eyona nto Iyiyo.

¹¹⁸ Nangona Wayenokuyenza, zange Ayenze. Kodwa A—Akazange athobele izindululo zikaSatana.

Ngoku, nantsi into elungileyo. Yabona? Ngamanye amaxesha uSatana angakuthabatha, kwaye xa ucinga ukuba wenza intando kaThixo, kwaye angenza isindululo, uyakuwela kuso. Ewe, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo unakho.

¹¹⁹ Ngoku masithabathe, umzekelo, njengodade bethu. Bahle. Kwaye angakusa kwindawo, apho, uyeka iinwele zakho zikhule, akuqhaphelanga. Ikhangeleka intle kakhulu kuwe, kwaye, into yokuqala oyaziyo, uzifumana uziva ingathi unekratshi kancinci, kancinci ungaphezulu kwenye into. Abanye benu madoda, niyazi ukuba ndithetha ntoni. Yabona? Kwaye angathatha kwa lanto inye aphimise ngayo kuwe. Injalo lonto. Kufanele ukweyise oko.

Khumbula nje, uphilela uThixo. Unenjongo enye, kwaye leyo nguYesu Kristu. Ngaphandle kwalonto, akukho yimbi ebalulekileyo. NguYe lowo. Emva koko, okwesibini, uphilela usapho lwakho. Emva koko, okwesithathu, uphilele isiqu sakho. Kodwa, kuqala, uphilela uThixo; kulandele, ukuphilela usapho lwakho; kuze kulandele, uphilele wena. Ulinani lesithathu; oko sisiphelo sendlela. Zibeke ekugqibeleni; Wayenza.

¹²⁰ Jonga Awayenokukwenza. Wathi, “Ndingabiza uBawo Wam, ndithethe kuYe, Uyakundithumelela Mna ngoko nangoko ishumi elinesibini lemikhosi yeeNgelosi.” Xa, omnye Wayo ungasithabalisisa ihlabathi. Wathi, “Ukuba uBukumkani Bam bebulelihlabathi, ngoko amaphakathi Am ebeyakulwa. Kodwa uBukumkani Bam bobaNgasentla.” Nako ke apho ukhoyo. Yabona? Wayenokuyenza lonto, kodwa Akazange. Yabona? Nangona, Wayenokuyenza. Akazange Waphulaphula kwizindululo zikaSatana.

¹²¹ Ngoku, ukhe wabeva abantu besithi, “Ukuba—ukuba uyakholelwa kukho—kukho umphilisi oNgcwele... Ukuba ungumphilisi oNgcwele... Hamba uyokufumana umphilisi wakho oNgcwele. Ndine ndoda ngapha kwelicala, iyagula. Ndingathanda ndimbone eyiphilisa.” Bona laMtyholi mnye? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uzama ukukucenga. Uzama ukukwenza uphulaphule kuye endaweni kaThixo. Kodwa esenene, esinyanisekileyo isicaka sikaThixo siyakuphulaphula kwaye sibone oko uBawo akutshoyo, kuqala. Yabona?

¹²² Njengosana oluncinci lukaStadsklev, xa bamthumela kwelicala apha. Kwaye uNkosk. Stadsklev wathi, “Mzalwana uBranham, nditsale umnxeba ndiseJamani.” Kwakukho umkhosi waseMerika, kunye nenye yezinye iinqwelo ntaka zabo ijeth ihleli apho ethafeni, ibingandibhabhisa indise eJamani iphinde indibuyise, ngosuku. Wayengumfundisi lizwi wasemkhosini. Kwaye usana lwalulele, efile. Kwaye la mama mncinci ekhala, wathi, “Phulaphulani!” Wathi, “Ndiyazi. Ndandimi kanye phaya ndaza ndabona lamfazi ephethe olwasana lufileyo ezingalweni zakhe, olwalufe ngaloo ntsasa. Ndambona uMzalwana uBranham ephuma esiya phaya, wabeka izandla zakhe phezu kolosana lufileyo, kwaye lwabuyela ebomini.” Wathi, “Olu lusana lwam, Mzalwana uBranham.” Zange kubekho kufa elusatsheni lwakhe. Yabona? Kwaye lento incinci yaqalisa ukugula ngenye intsasa yaza yafa ngalo mvakwemini.

Nabo bonke beme apho, kwaye benika iziprofeto kunye nezinto, “Usana luzakuvuka,” kwaye konke ngolohlobo.

¹²³ Ndathi, “Kulungile, oko kuhle kakhulu, Dade Stadsklev. Kodwa mandibone ukuba uBawo uthini na.”

Ndaya ematyholweni. Ndaza ndathandaza. Ndabuya ngaphakathi; wayegqiba ukutsala kabini okanye kathathu 'phambi kokuba ndibuye kwintsasa elandelayo. Akwabakho nto.

Ugqirha wathi, "Kulungile." Wathi, "Ukuba injalo, ukuba unokholo olunjengeliya, inenekazi, asisayi kuluyeka usana luphume esibhedlele. Malulale kanye apha. Hlala kanye apha kunye nalo. Kulungile konke oko."

UMzalwana uStadsklev wahamba wayakubona umthetheli-mkhosi. Bathi, "Ngokuqinisekileyo. Siyakumbhabhisela ngaphaya, kwaye simbuyise."

¹²⁴ Kwaye nantso inqwelo ntaka ihleli, ilindile, ukundithabatha ngala ntsasa kwaye indibuyise ngobo busuku, indise eJamani, eHeidelberg, eJamani, ukuya ekuvusweni kwelosana. Ndathi, "Ngokuqinisekileyo, uThixo angayenza, kodwa masibone ukuba yintoni intando Yakhe."

¹²⁵ Ngoko ndaphuma, ndathandaza ubusuku bonke. Akwabakho nto yenzekayo. Ndabuya ngentsasa elandelayo; akwabakho nto yenzekayo. Ndaza ndaqalisa ukuya egumbini. Kanye ngoko ndajonga apho, kwaye nako kumi okwaKukhanya kundanda phezu kocango. Wathi, "Ungabeki sandla sakho kokuya. Ungayikhalimeli lonto. Sisandla sikaThixo."

¹²⁶ Ndambiza ngomnxeba. Ndathi, "Dade Stadsklev, ngcwaba usana lwakho. Sisandla seNkosi. Yintando kaThixo. Okuthile bekuyakwenzeka kolwasana ekuhambeni kwexesha. Luyeke luye kanye apho uThixo aziyo ukuba luphina. Ungaya kulo ngoku. Luyaphila, akusokuze. Luyeke nje ngolwahlobo."

¹²⁷ La mshumayeli mkhulu wamaLutere waseJamani wabhala incwadi wathi, "Ndiyincoma kanjani, oko, uMzalwana uBranham elinde langqiniseko icacileyo yesigqibo sikaThixo, phambi kokuba atsho nantoni na."

Yilonto. Bamblela kwisigqibo sikaThixo. Nokuba bathini abanye, okanye nokuba yintoni, sukuvumelana noSatana, konke.

¹²⁸ Ukuba uSatana uthi, "Ngoku, ubhaptizo lwamanzi, igama lika 'Yise, Nyana...'" Ukuba oko, ade acenge, yiyeke yodwa. UThixo utsho ngenye indlela. Ukuba uthi, "Uyindoda olungileyo, akunyanzelekanga ukuba ube... Ungumfazi olungileyo, akunyanzelekanga ukuba wenze..." Sukucengwa. Ukuba iLizwi litsho into eyahlukileyo, hlala neLizwi nokuba kuyintoni. Lowo ngumzekelo uYesu akunika wona, kwaye naluya olwahlaselo lukhulu, yabona, olo walenzayo kuYe.

¹²⁹ Emva koko, uhlaselo lwesibini. Ndzakukhawulezisa. Kukhangeleka nje ingathi ixesha lihamba ngokukhawuleza. Uhlasele olukhulu olulandelayo lolu, awalenza kuYe, ukuba Uyakuba ngodliselayo.

Kwaye oko kuzibetha kanjani izicaka zikaThixo, ukuba ngodliselayo, ukubonisa onokukwenza. "Uzuko kuThixo! Haleluya! Ndingumhlanguli! Ndingu *nantsi*." Yabona? Yabona?

¹³⁰ “Yiza phezulu apha, kumphezulu wetempile, uze uhlale phantsi apha.” Wamhenda Yena ukuba ayenze lonto. Ngoku, khumbula, Wahendwa ukuba ayenze, nzima. Wathi, “Ngoku, ukuba Ufuna ukuba ngothile phambi kwabantu, yima apha phezu kwaletempile, utsibele ezantsi.” Yabona? “Ndakukunika Isibhalo ngayo, ngokuba kubhaliwe, ‘Uyakuziwisela umthetho iiNgelosi Ngawe, hleze, nangaliphi ixesha, ubetheke unyawo lwakho etyeni. Uyakukufukula Wena.’” Ukumenza Yena odliselayo, ukubonisa igunya Lakhe.

¹³¹ Akukho sicaka sinyanisekileyo sikaThixo esakhe sayenza lonto. Ubona indoda idlisela, ityhale isifuba, kunye nako konke ngolohlobo, khumbula nje, kukho into engalunganga phaya. Hayi. UThixo akayifuni lonto. UYesu wenza umzekelo. Wayenokuyenza. Ngokuqinisekileyo Wayenokuyenza, kodwa zange Ayenze. Akukho sicaka sikaThixo sidliselayo, ngesiqu saso, ukuzama ukuthabatha amandla kaThixo ize izibonakalise ukuba ngaphezulu komnye umntu.

¹³² Uyamkhumbula uMoses wakwenza oko? Niyayikhumbula? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UThixo wamnika amandla okwenza nantoni na ayifunayo; wamenza umprofeti. Wahla waya kwelaLitye, waza walibetha iLitye ityeli lesibini. Oko kwakuchasene nentando kaThixo.

UThixo wathi, “Thetha kwelaLitye. Sukulibetha kwakhona. Wophule wonke u—wonke u—umfuziselo apha. ILitye lizakubethwa kube kanye kuphela.” Kodwa wathetha ngobuthakathaka beLizwi xa wakwenzayo oko; Oko kwakungonelanga. Ehe. ILizwi yayililo elaliqhubekeka. ElaLitye yayiliLizwi. Yabona?

¹³³ Wa, kwityeli lokuqala, walibetha iLitye aza amanzi aphuma. Baza emva koko banxanwa kwakhona. Wathi, “Ngoku buyela emva uthethe neLitye.” Lalibethwe kwabakanye. Yabona?

“Ukungoneli kweLizwi,” UMoses wayingqinela lonto. “ILizwi lalingalunganga; Lalifanelwe ukubethwa kwakhona.”

¹³⁴ Ke uMoses wehla waya apho waza walibetha iLitye ngolwa hlobo, wathi, “Phuma!” Awaphuma, waza walibetha kwakhona, kwaye wathi, “Phuma! Ndiyakuyalela ukuba uphume.” Aza amanzi aphuma.

¹³⁵ UThixo wathi, “Nyukela apha. Yiza apha. Uzizukisile. Uthabathe amandla Am; endaweni yokungcwalisa Mna, izingcwalisile. Ngoku akuyi kuwelela uye emhlabeni. Jonga ngaphaya, bona ukuba ukhangeleka njani; kodwa, apha, uzakushiyeka kanye apha.” Owu, bethu! Zange abekho onje ngoMoses, uyazi. Hayi, hayi.

¹³⁶ Xa wafika kokwakudlisela ngoYesu, wathi, “Khwela phezu kwaletempile apha uze utsibele phantsi.”

137 Wathi, “Kubhaliwe,” amen, “Uze ungayihendi iNkosi uThixo wakho.” Yabona? Wamhlangabeza ngeLizwi, kokuya, nalo naluphi uhlaselo olukhulu.

138 Akukho sicaka senyaniso esikhe sizame ukuzidlisela, nga—ngamandla kaThixo. Uyayenza, uyohluleka kanye apho.

139 Uhlasele olukhulu lwesithathu, uSatana wathembisa ukubuncamela kuYe obu bukumkani. Wayenza. USatana wathi, “Uyazibona ezi zikumkani zehlabathi? Ezi zezam. Ndenza ngazo lonto ndifuna ukuyenza. Ndiyakuzincamela Wena.”

Kodwa, khumbula, wayezama ukumenza Yena ayincame ngaphandle komnqamlezo. Ukuba Wayenzile, besiya kuba ngabalalekileyo. Wayenokubuthabatha ubukumkani. Kodwa kufuneka Yena alandele i...Kufuneka abuye. Wayehendwa ukuba ayenze, ngoku. Ukufa yinto enzima. Wayehendwa ukuba athabathe ilungelo Lakhe aze abe nguKumkani womhlaba, ngaphandle komnqamlezo. Kodwa, ukuba Wayeyenzile, abalandeli Bakhe ngebabefile. USatana wayenokusenza ngentakazelelo esosindululo kunye Naye. Kodwa Yena wathi, “Suka uye emva Kwam, Satana.” Zange ayenze.

140 Weza kwaye wava ubuhlungu, kwaye wathabatha enzima, erhabaxa indlela. Wathabatha indlela yentshutshiso. Wathabatha indlela yokufa.

Ingaba sinjalo, ngale ntsasa, siyafuna ukuyenza, ukuthabatha indlela ekwanye naleyo Wayithabathayo? Ingaba sikulungele ukufa? Ingaba sikulungele ukunikezela ngesiqu zethu kuThixo, sincame lonke ihlabathi kunye nezinto, ukumkhonza Yena? Yabona?

141 Ngoku, Wohluleka ukuyenza. Ngokuzithandela u—ukubuncama, uSatana wabanjalo, kuYe. Kodwa Zange ayenze. Nangona uYesu wahendwa, Wasoyisela. Wa—Wanyamezela zonke izihendo esenzela mna kunye nawe. Yabona? Wayenokubuthabatha kanye ngoku. Kodwa wayithabathela ntoni enye indlela? Ukuze sibe nokuza, sibe naYe. Kwaye ukuba Wahlawula elo xabiso likhulu njengelo, ngoku kuncinci kangakanani ukuba asinakungayithabathi? Xa, khumbula, akukho nto apha, nakanjani.

142 Ukuba uphila amakhulu eminyaka, yintoni oyakufika kuyo? Ingqondo, kwaye ingcinga yakho imke, ukhubazeke wonke, ubemdala kwaye ungcangcazele. Kulapho uya khona, kwaye sisiphelo sayo eso. Yiza ngoku, yoyise into. Uyenza kanjani? NgeLizwi. Lonto iLizwi liyitshoyo, yenze. Hamba ngentobeko. Phila phambi koYesu.

143 Wanyamezela zonke izinto ngenxa yakho kunye nam. Ungumzekelo wethu wokuba sisoyise njani isizukulwana sethu esingcolileyo, njengoko Wasoyisayo isizukulwana Sakhe esingcolileyo.

¹⁴⁴ Khumbula, xa Weza emhlabeni, kwakukho okungako ukungakholwa, okanye ngaphezulu, kunokuba kukho nakweliphi ixesha. Akuzange kumkhathaze Yena nakancinci. Xa babembiza Yena idemoni endaweni kaThixo, xa babembiza Yena ngayo yonke into enokwenziwa, ayizange imkhathaze Yena nakancinci. Wayenenjongo enye: “Cinga ngoBawo. Gcina iLizwi.” ILizwi nguThixo. Wayenengcinga enye.

¹⁴⁵ Siyahendwa ngamanye amaxesha ukuba sibuyele emva. Abaninzi benu, bahendwa ukuba babuyele ehlelweni, ubuyele emva uyokuthabatha, 'kuba lonke ihlabathi lithi, “Leliphi ihlelo okulo? Yeyiphi icawa ozibandakanye nayo?” Siyahendwa ukuba sikwenze oko; sonke kuthi sinjalo. Oodade bethu bahendelwa ukuba babuyele emva, babuyele emva kwaye bazibandakanye nezinye iicawa, kunye nezinye i-Assemblies, okanye iicawa zikaThixo, okanye ezinye zazo; kodwa base ngabakwaMoya, cheba iinwele zakho, kwaye unxibe nje nangayiphina indlela oyifunayo. Yabona? Uyahendwa ukuba uyenze lonto, buyela umva uyokuba ngobalulekileyo kunye nesisizukulwana sigoso esiphila naso.

Xa, esi isesona sono sikhulu somhla wethu. Sisono esikhulu phakathi kwabantu bethu, ukuthanda izinto zehlabathi, njengoko iBhayibhile ithe iLawod-...iSigaba saseLawodike sasinjalo. Sithanda izinto zehlabathi, “Utyebile, akuswele nto; akazi ukuba uze, uludwayinge, ulusizana, kunye nemfama.” Eso sisono somhla wethu. Xa usiva iLizwi likaThixo lisitsho ngokuchaseneyo nayo, ngoko thabatha ndlela yimbi, ungongabalulekanga ehlabathini. Uyahendwa ukuba ubuyele emva.

¹⁴⁶ Ndiyazi. Uqhubeka usithi kum. Ndiyazi uyakutsho, “Lonke ixesha.” Ndiyazi uyadinwa ndim ndikhondloza ngezi zinto. Ndiyadinwa ukunibona nizenza, nam, injalo lonto, esi sono endizama ukunixeleva malunga naso. Uthi, “Ukhondlozela ntoni kuso?” Yeka ukusenza, ngoko. Ndizama ukusindisa ubomi bakho, ngeLizwi. Ndiyadinwa, nam. Ke, nje yithi tse. Esi sisono, asifanelwanga kwenziwa. Ewe, mhlekazi.

¹⁴⁷ Kufanele sizeyise ezi zinto. Silindele ukuba silingwe ngazo, ihlabathi. “Niyalithanda ihlabathi, izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kuni,” watsho uYesu.

¹⁴⁸ Ngoku sizakuvala nje, size sitsho oku. Kukho umvuzo womeyisi.

¹⁴⁹ Mandinifundele into apha. Tyhilani kwiBhayibhile zenu. Masibuyele emva kwiZityhilelo, esesi-3, esesi-2 isahluko. Qwalasela apha ngoku, zonke ezi zinto bendithetha ngazo, ukweyisa. Ngoku jonga nje kwisiqu sakho uze ubone. Zixilonge kwisipili sikamoya sokuujonga, bona ukuba weyisile.

¹⁵⁰ Ngoku, umyalezo wokuqala, kwi—kwisithunywa sase Efese, ndifuna umamele koko Wakutshoyo. Kwaye iZityhilelo,

isahluko sesi-2, umqolo wesi-7. Oku kuya kwesa sigaba sebandla, xa Wabaxelelayo konke ababekwenzile, “Nilushiyile uthando lwenu lokuqala.” Umqolo wesi-7:

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla; Kulowo (umntu, hayi ibandla) . . . Lowo weyisayo—weyisayo ndiya kumnika ukuthi adle kumthi wobomi, ophakathi kweparadisi kaThixo.

Yabona? Abeyisi e-Efese.

¹⁵¹ Ngoku, esilandelayo yayi siSmirna. Ngoku, ukweyisa kokuya, simamele apha. Ngoku, umqolo we-11.

Kulowo—lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla; Lowo weyisayo akayi kukha oniwe kukufa kwesibini.

Yabona? Bayoyisa.

¹⁵² Ngoku, okuya, ngoku jonga kwiPergamo, siyakufumana ukuba umeyisi wayemshiyele ntoni, kwesi. Siyakufunda kumqolo we-17, kwibandla lasePergamo.

Lowo unendlebe, . . .

Lowo, ngumntu ngamnye, hayi iqela lonke. Umntu ngamnye, nguMtshakazi uphumela ngaphandle, uyabona, iBandla.

Makathi lowo unendlebe, ayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla; Kulowo weyisayo Ndiya kumnika ukuba adle kuyo imana efihlakeleyo, kwaye ndiyakumnika ilitye elimhlophe, elityeni apho ke igama elitsha libhaliwe, lingaziwa bani ingenguye olamkelayo.

Lowo ngumeyisi, wesigaba sebandla.

¹⁵³ Ngoku, esilandelayo yiTiyatira. Masifumane ukuba umeyisi wayenantoni ngaloo mhla. Masithabathe umqolo wama-26.

Kwaye lowo weyisayo, aze agcine imisebenzi yam ade ase ekupheleni, ndomnika igunya phezu kwazo izizwe: (Injalo lonto.)

Kwaye . . . uya kuzilawula ngentonga yentsimbi; kwaye njengokuba izitya zomdongwe ziyakutyunyuzwa zibe ngamaqhekeza: njengoko nam ndamkelayo kuye uBawo.

Yabona, “Kunye Naye, etroneni Yakhe.” UKristu uyakulawula izizwe, ngentonga yentsimbi. Kwaye nali apha iBandla eloyisileyo, “Lihleli apho, kunye Naye, ukuba laphule izizwe ngentonga yentsimbi.”

¹⁵⁴ Ngoku masibathabathe sibase kwibandla laseSardesi. Ngoku umqolo wesi-5 wesahluko sesi-3.

Lowo weyisayo, kwayena lowo uyakuthiwa wambu ngengubo emhlophe; kwaye andiyikucima igama lakhe encwadini yobomi, kodwa ndiyakulivuma igama lakhe emehlweni kaBawo, nakwizithunyuwa ezingcewele.

Oko kuya kumeyisi eSardesi.

¹⁵⁵ Ngoku, masithabathe ngoku umqolo we-12. Ngoku, oku kubhekiselele kwibandla lase—lase Filadelfi, kumqolo we-12.

Lowo weyisayo ndiyakumenza intsika etempileni yoThixo wam, kwaye akayi kuba saphuma phandle: kwaye ndiyakulibhala phezu kwakhe igama lam, igama loThixo wam, kunye negama lomzi woThixo wam, leyo iyiYerusalem entsha, ehla isuka ezulwini ku...Thixo: kwaye ndiyakubhala phezu kwakhe igama lam elitsha.

¹⁵⁶ Qwalasela into ayithenjisiweyo umeyisi. Yabona?

Ngoku, ngoku iLawodike, leyo sisigaba sebandla lokugqibela. Kuyakubakho abeyisi apho. Qwalasela apha. Ba, khumbula, isigaba ngasinye sebandla, eso silandelayo sifumana konke oko ezinye bezinikezele ngako. Qwalasela phezulu apha. Ngoku, apha, kusemva kokuba begqibile bewazuzile onke lamandla, la magama matsha, nayo yonke into ibhaliwe, Awayeyithembisile, baze batya imana efihlakeleyo, kwaye konke ukuhla. Qwalasela esisigaba sebandla lokugqibela, iZityhilelo isi-3:21.

Kulowo weyisayo ndiyakumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam, (amen), njengokuba nam ndeyisayo, ndaza ndahlala phantsi noBawo wam etroneni yakhe.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

¹⁵⁷ Nanko umvuzo wabeyisi. Tyhudisa, nyibiba. Ukuba ikuwe, beka ecaleni udaka kunye nayo yonke enye into, uze utyhudisele ngasentla. Ewe, mhlekazi. “Ukuhlala Nam etroneni Yam.”

¹⁵⁸ Uyazi, ngelinye ixesha, unina kaYakobi noYohane... Asisayi kuba naxesha lokuyifunda. Unina kaYakobi kunye noYohane weza waza wacela le ndawo. Niyayazi lonto? Niyayikhumbula lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Nkosi, yitsho unyana wam ahlale ecaleni, nomnye unyana ahlale kwelinye.” Nanko umnqweno womama ngonyana wakhe.

Kodwa qwalasela. Kodwa, “La ndawo,” uYesu wathi, “yayilungiselelwe kwangexa elingaphambili.” Le ndawo yayingekho ngelo xesha. Kutheni? Qwalasela. “Iyakunikwa abo ibimiselwe bona.” Intoni? Lowo uyakuhlala ngasekunene, aze omnye kufutshane kakhulu Kuye, wayesele engumeyisi. Yabona? Kwaku safuneka...Wathi, “A—ndinikezeli ngoku. Andinakunikezela ngoku, kodwa kuyakunikezelwa emva kokuba uvavanyo luzile.” Amen. Yabona? “Andinikisi ngoku. Kodwa emva kokuba uvavanyo luzile, bayakuhlala ngasekunene nangasekhohlo. Kukho imbewu eyabekelwa ngexa elingaphambili elinde oko ngaphaya. Iyakunikezelwa kwabo ithenjisiwe kubo. Iyakunizelwa apho, kodwa uvavanyo alukezi okwangoku; kuba, akakoyisi okwangoku.” Yabona?

159 Umntu ekwakufanele ukuba athabathe le ndawo kwelicala, nomnye alithabathe kwelinye icala, ecaleni Kwakhe ebuKumkanini, yayingekanikezelwa, yabona, babengekoyisi. Uvavanyo lwalungekabikho. “Luyakubakho kwixa elizayo.”

“Ukuba siva ubunzima ngenxa kaKristu nangeLizwi Lakhe, siyakulawula kunye Naye, ngokuba UliLizwi.” Khumbula, “Ukuba siva ubunzima ngenxa Yakhe nangeLizwi Lakhe, siyakulawula kunye Naye, eliZwini Lakhe.”

160 Qaphela. Yena, umzekelo wethu, weyisa, waza wenyukela ngasentla, emva kokuba oyise ukufa, isihogo, ukugula, ingcwaba. Yonke into, Weyisa. “Waza Wenyukela ngasentla, wabenza ababotshweyo babotshwa, wabapha izipho abantu.” Leyo yayi yiTestamente Endala, kunye nabangcwele beTestamente Endala abeyisayo. Bafuna uMntu onjalo, kwaye bafa phambi kokuba Ifike phaya. Kodwa xa loMntu efika, “Ayizange ibathintele abo babelele.” Amen. Abanakohlulwa, nangayiphi indlela. Phila okanye ufe, yenza mahluko mni? “Ayisayi kuyithintela.” Yabona? Bakhangelela oko.

161 Nkqu noYobhi emva phaya, wakhangelela yona. Wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu komhlaba.” Kwakukho indoda elilungisa, indoda egqibeleleyo. Wenza imibingelelo. Wenza yonke into athe uThixo makayenze. Wayenza ngembeko nentlonipho. Wayengumprofeti. Kwaye ngoko uSatana waya apho, ukuya kumhenda. (Njengohlobo aza ngalo ukuza kuhenda.) Wenza ntoni? Waqhubekeka eme phaya.

Nkqu nomfazi wakhe waphuma, wathi, “Akungenyelisi uThixo uze ufe ukufa? Ukhangeleka ulusizana oluhleli apho.”

162 Wathi, “Uthetha ngokwesidenge somfazi.” Ngoku, zange athi wayesisidenge, kodwa wathetha njengaso. Yabona? Wathi, “Uthetha ngokwesidenge somfazi.” Wathi, “YiNkosi enikayo, kwaye yiNkosi ethabathayo; malibongwe iGama leNkosi.” Weyisa.

163 Weyisa oko abamelwane babekutsho. Weyisa konke oko amalungu ecawa, uBildad kunye nabo bonke, ababekutsho. Weyisa ubhishop noko wayekutsho. Weyisa inkulu yabafundisi noko yayikutsho. Weyisa ihlelo, nebabekutsho. Kwaye wahlala nogwetyelo lweLizwi. Amen. Noko kunjalo, kwamtyabula yonke into awayenayo, nkqu nabantwana bakhe. Wayekhuhla amathumba ngompha, ehleli koku, kodwa nokuba kunjalo weyisa. Kwaye xa iyure enkulu yokuhendwa yafikelela ekupheleni, ngoko amafu abuyela emva.

164 Wajonga nakweyiphi na into ebambekayo. Wathi, “Kukho ithemba emthini ukuba uthi ufe; ubuya uphile kwakhona. Kwaye imbewu iwela emhlabeni, iyabola; iphile kwakhona. Kodwa umntu ulala phantsi aze aphume umphefumlo;

uyanyamalala. Kwaye abantwana bakhe bayeza, oonyana bakhe, ukuza kunika imbeko nokuzila ngaye; akayiboni lonto. Akavuki kwakhona. Owu, nanko apho. Yintoni ingxaki? Ndiyimbewu, nam. Ndiyinto ethile, leyo iyimbewu, kwaye ndiyakuya emhlabeni. Andinakuvuka kwakhona. Ndiyakulala apho. Owu, ndifihle engwabeni, ndigcine endaweni efihlakeleyo de umsindo Wakho ugqithe. Ndimisele ixesha undigwebe. Njengamatye egubeka, amanzi ayawadla amatye.” Owu, waqhubekeka, ezitsho zonke ezi zinto. Wayenokubona yonke imizekelo khona phaya, into eyayi yiyo. Owu, wayengenakho nje ukuyibona.

165 Kwaye, Dade uRodgers, uyakhumbula xa ndandishumayela oko emngcwabeni kaBusty. Yabona?

166 Kanjani, oko, “Kuyakudla amatye,” ezinjani ezi zinto. “Owu, Owu Wena, ndigushe engwabeni, uze undigcine endaweni efihlakeleyo.” Waqhubekeka etyhudisa. Wathi, “Akwaba bendisazi. Akwaba bendisazi apho ndingaya khona, kwiNdoda enokubeka isandla Sayo kum, indoda engumoni, kunye noThixo ongwele, ize iyokundithethela kuYe.” Owu, bethu! “Ulapho Yena. Ndiyazi ukuba Ulapho Yena. Ukho Othile Phaya onokuyenza lonto. Ukho Othile ndaweni ithile. Ndingamfumana phi loo Mntu? Ndingafumana phi? Ndiyakunkqonkqoza elucangweni Lwakhe ndize ndithethe Naye. Ukuba uMntu othile angabeka kuphela isandla Sakhe kum, kunye nakuThixo, aze—aze andiqhamshelele indlela, athethe! Ukuba nje ndingafumana kuphela loo Mntu! Owu, uphi apho Akhoyo?”

167 Waphengulula kulo lonke ibandla lakhe. Wayephengulule kuwo umbutho wakhe. Akazange amfumane onjalo uMntu.

168 Kwaye konke ngaxeshanye, amafu abuyela emva, kwaye wabona loo Mntu esiza. Owu! Intliziyo yakhe endala yabetha ngovuyo. Ngoko kwenzeka into ethile. “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli. Nankuya onjeya uMntu.” Amen. Usekho onjeya uMntu. “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli. Kwaye nakubeni, emveni kokuba impethu ziwudlavule lo umzimba, kodwa enyameni yam ndiyakubona uThixo, Lowo ndiyakubona ngokwam. Uyakuma emhlabeni ngomhla wokugqibela.”

169 Ngaloo ntsasa yePasika, xa Wavuka phaya, kwaye umzimba kaYobhi ungohlukanga kwicephe lothuthu, wayelindile. Wayelela Qela lonyuliweyo. Wavuka engcwabeni waza wangena kuwo umzi, kunye no-Abraham, Isake, Yakobi, Yobhi. Owu, bethu! Amen. Ngokuba, bakhangela uMntu onjalo.

170 “Kwaye Kwabo bakhangela uKristu ityeli lesibini,” abanokuzeyisa izinto zelihlabathi, ngobabalo Lwakhe, ukuze

baze kuYe, kwaye uvale amehlo akho kuyo yonke enye into kuphela Kuye nakwiLizwi Lakhe, “Uyakubonakala okwesibini eluZukweni.”

“Kuba ixilongo likaThixo liyakukhala, abafele kuKristu bayakuvuka; abo basadla ubomi nabaseleyo bayakuguqulwa, ngephanyazo, ngokuqhwanayaza kweliso, baxhwilelwe phezulu kunye, ukuya kuhlangebezana Naye esibhakabhakeni.”

¹⁷¹ Nokuba ndingamaladle azalise icephe, okanye nokuba ndihleli xa Efika, ayenzi mahluko kum lonto. Amen. Asiyongxaki, ngokuba ndiwufumene umbono. Ikhuselo libuyele umva, kwaye ndiyambona Yena. Lowo unokuma, aze abeke isandla Sakhe phezu kwam, indoda engumoni, kunye naphezu koThixo ongewele. Kwaye Usisicamagushelo sam. UliLizwi endimele lona. “Ekuqaleni ebekhona uLizwi.” UlelaLizwi, kwaye Umele mna, Phaya. Amen. Kwaye ndiyakulikhwaza, okoko nje ndisenomphefumlo, “UluVuko lwam noBomi bam.” Kwaye yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo. Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

¹⁷² Njengoko Ebabamba bona abakhangelala lonto, kananjalo Uyakuza kuye ngamnye ongewele weTestamente Entsha owoyise wonke umgxeki wehlelo, owoyise zonke izono ezigqamileyo zalo mhla, zesi sigaba esiphila kuso ngoku, njengoko Wenzayo kuzo zonke ezinye izigaba zebandla, abo beyisayo kweso sigaba sebandla. Abo beyisa ntoni? “‘Ndityebile. Andiswele nto. Ndinayo...Owu, ndikoko konke oku kunye nako konke oku. Kwaye ndinguMthakazi. Ndiyile. Andiswele nto.’ Kwaye akwazi ukuba uze, uyimfama.”

¹⁷³ Yabona isigaba esiqhathayo endisitshiloyo? Asifani nabo abanqunyulwa iintloko, kudala phaya, ukuze bafumane ilitye elimhlophe; hayi abo bafa phantsi kokufela ukholo, kwaye batshiselwa kwindawo zokutshisa, kunye nezinto ezinjengezo; abaphumelela isithsaba. Kodwa sesi sigaba siqhathayo ngoku, esicinga ukuba bayinto yonke. “Kulungile, ndililungu lecawa. Ndiyindoda elungileyo. Ndingumfazi olungileyo. Ndenza oku. Andinyanzelekanga ukuba ndenze Oku.”

¹⁷⁴ “Kodwa lowo weyisayo,” lowo weyisayo zonke ezonto zilihlabathi zesi sigaba, bayakwenzani? Bonke bayakuhlala Naye etroneni Yakhe; bayakuya kuXwilo xa Ebuya. Owu, bethu! Yintoni endiyikhathaleleyo, ngoko? Yintoni esiyikhathaleleyo elikutshoyo ihlabathi? Yintoni esinokuyikhathalela akutshoyo nabanina omnye? UMoya oyiNgcwele omkhulu uphakathi kwethu. INTsika Yakhe yoMlilo iyasikhokela kwaye iyasiluleka. ILizwi Lakhe lingqinelwe phambi kwethu. Uthando Lwakhe lusentliziweni yethu. Ilizwe lingasemva. Sidlulile ekufeni sangena eBomini. Ihlabathi licinga ukuba uphambene.

Kodwa ingaba uYesu makathwale
 umnqamlezo yedwa,
 Kwaye lonke ihlabathi lihambe
 ngokukhululekileyo?
 Kukho umnqamlezo womntu wonke
 ngamnye,
 Kwaye kukho umnqamlezo wam.

¹⁷⁵ Amashumi amathathu anesithathu eminyaka entsimini,
 kunye nalo mqamlezo ungcwalisekileyo ndiyakuwuthwala de
 ukufa kundikhulule.

¹⁷⁶ Mabandiphoxe abazalwana bam, batsho nantoni na
 abathanda ukuyitsho, yintoni eyakundityhafisa. Kodwa *kweli*
 Lizwi ndimile, kwaye Kweli lodwa.

Lo mnqamlezo ungcwalisekileyo
 ndiyakuwuthwala
 Kude ukufa kundikhulule,
 Ndize ke ngoko ndiye Ekhaya, kuXwilo,
 isithsaba ndisithwale.

¹⁷⁷ Yilonto sonke siyifunayo. Asiyiyo? [IBandla lithi, “Amen”—
 Mhl.] Yilonto siyifunayo. Elo lelethu—lelethu ithemba kunye
 nesicelo. Akukho zingcinga zimbi sinazo, kuphela okuya
 kuphezu koYesu Kristu. Kunye naphezu kobulungisa Bakhe
 simile, kuphela, kunye nobulungisa Bakhe eLizwini Lakhe.
 “Kwaye iLizwi lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu.”
 Kwaye iLizwi lisazingqinela Ngokwalo.

¹⁷⁸ Weyise njani? Ngokuthabatha iLizwi, isithembiso,
 ngesimilo, ngokuhamba ngokuthobeka.

Lo mnqamlezo ungcwalisekileyo
 ndiyakuwuthwala
 Kude ukufa kundikhulule,
 Ndize ngoko ke ndiye Ekhaya, isithsaba
 ndisithwale.

¹⁷⁹ Ngokuba, “Xa ela Xilongo likhala!” Ungandingwabela
 elwandle, kodwa iXilongo liyakundivusa. Kulungile. Ndiya
 Ekhaya, ngenye imini. Amen. Kude kube ngoko, ndiyakuzama
 zama, amen, ndithwale lo mnqamlezo; ndingagcini amehlo
 am ebantwini, kodwa eKalvari ngaphaya, ngokuba
 Wayengumzekelo wam. Wandibonisa ukuba yenziwa njani.
 Kwaye umzekelo Wakhe, siyakuwulandela ngentakazelelo,
 imini nge mini.

Ndilandela uYesu inyathelo ngalinye lendlela.
 Ndilandela uYesu inyathelo ngalinye lendlela.

¹⁸⁰ Akuyithandi lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Owu,
 ndicinga njani, landela Yena, imini nge mini, inyathelo
 ngalinye lendlela.

Masithandaze.

¹⁸¹ Nkosi uYesu, iyure neshumi elinesihlanu lemizuzu ngoku, ndimi apha, ndizama ukuthabatha iLizwi Lakho ndize ndilicacise ebantwini ukuba koyiswa njani. Usixelele ukuba yenziwa njani. Akusixelelanga nje, kodwa Usibonisile ukuba yayisenziwa njani. Usikhokele. Usibonisile ukuba yenziwa njani: samkela iLizwi ngaphakathi kwethu, kwaye siqiniseke ukubambelela kwela Lizwi, “Kubhaliwe,” kuso sonke isihendo; kodwa yiba ngothobekileyo, hamba ngokuthobekileyo. Ngoko seyisile, ngaWe, ngamandla Akho asele eloyisile utshaba lwethu. Kwaye kuphela kwento esifanele ukuyenza ku—kuhamba nje ngokuthobeka ngokholo, sikholelwa Oko, kunye nomqondiso wokuzazisa ngoMoya oyiNgcwele, kwaye uSatana kufanele ashenxe.

¹⁸² Kukho iitshefu ezilele apha. Zimele abantu abagulayo. Banezidingo, Nkosi. Kwaye bafunda kwelingenakuphosisa iLizwi apho bathabatha emzimbeni kaPawulos oNgcwele iitshefu neefaskoti. Zazibekwa phezu kwabagulayo. Imimoya ekhohlakeleyo yaphuma kubo, kwaye imimangaliso emikhulu yenzeka. Ngoku, Use yiNkosi uYesu namhlanje.

¹⁸³ UPawulos washumayela eli Lizwi, waza wabhala eli Lizwi, iLizwi elinye esizama ukulilandela. Ngokuba, wathabatha iTestamente Endala waza wayinxibelelanisa, waza wabonisa ukuba yayingumfuziselo, ukuba konke okwe Testamente Endala yayingumfuziselo ogqibeleleyo weNtsha. Owu Nkosi, sanga singalandela loo mzekelo.

¹⁸⁴ Siyayibona iNkosi yethu, into Eyayenzayo. Kwaye siyaqonda ukuba, abo bangcwele beTastamente Endala, ngale ntsasa, sifumanisa ukuba bahamba. Xa uYesu wavuka, bahamba Naye. Kwaye, Nkosi, siyakholwa ukuba siyakhamba xa Evakalisa iXilongo. Siyayikholelwa, eyokuba uMtshakazi uyakhamba ngaphambili ngaloo Mini kwaye uyakuhlanganiswa kunye ne—neqela lamaHebhere Yalo, kwaye, ngokuhlangeneyo, kuyakubakho Isidlo soMtshato eLuzukweni. Abo balindile.

Siyathandaza ngoku inceba Yakho kunye nobabalo phezu kwethu. Abeyisi, Nkosi, abeyisi, sifuna ukubangabo. Soyise. Nkosi uYesu, Weyisa ihlabathi. Ngoku ndiyathandaza ukuba Uyakuvumela wonke umntu apha, ngale ntsasa, “Abeke sonke isono ecaleni, abeke ecaleni wonke umthwalo osisindayo, ukuze sibe nokubaleka ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu.”

¹⁸⁵ UPawulos wathetha oku, Bawo wethu waseZulwini, ngaphaya apho eNcwadini yamaHebhere, ukuthi, “Kufanele sibeke ecaleni wonke umthwalo,” esa sahluko se-12, apho wathetha oku, emva kokuba athe wayeselebonisile ngomzekelo, emva phaya: abo baqhubekekayo; abo bangazange baqhubekeke; abo balandela ngokudikidiki; abo balandela ngaphambili; abo bazilazila ngasemva. Owu!

Wabonisa umzekelo. Emva koko wajika wathi, “Masibeke ecaleni wonke umthwalo, yonke into encinci esisindayo, ukuze sibe nokubaleka ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu; sijonge kuYe, umqali nomgqibelelisi woKholo lwethu, Owasinikayo umzekelo.” Senza lonto ngale ntsasa, Bawo.

¹⁸⁶ Ngoku, ngentloko zethu ziqutyudiwe, ngoko phandisisa ngokusondeleyo ngenene, ngenene, ngenene ngokusondeleyo. Kwaye, ngoko, yiba ngonyaniseke nzulu. Nje i—ithabatha nje...Kuko konke ekuthabathayo: ukuziphanda kunye nokunyaniseka. Lumka kakhulu njengoko uphanda ngoku. “Ndiphande, Nkosi. Ndivavanye. Ingaba kukho inkohlakalo kum? Ukuba ikhona, Nkosi, ndenze ndiyibeke phantsi, kanye apha ngoku. Kule ndawo, apho ndiqubude khona, sisiguqo Sakho. Ndiyibeka phantsi, kanye apha ngoku, ndibeka iinyawo zam phezu kwayo. Xa ndisimka, iyakulala phaya. Amandla eGazi Lakho ayakuyidla. Ndifuna ukuba ngumeyisi. Ndinento ethile endikhathazayo, Nkosi. Ndifuna ukoyisa, ngale ntsasa. Ndinganakho, ngaWe. Ndixelelwe oko, ngeLizwi Lakho. Ndiyibeka phantsi ngoku, Nkosi, kwaye ndibeka iinyawo zam kuyo. Njengoko ndigqitha kwesi sakhiwo ngale ntsasa, ndihambe, ndisazi ukuba ibekwe e—emgqomeni wesihlobisi sikaThixo. Ayisokuze ikhunjulwe kwakhona. Ndiyakuhlambulula ngoku ndicele inceba.”

¹⁸⁷ Ngentloko zethu ziqutyudiwe, amehlo ethu evaliwe; iintliziyo zethu zicinga, elo lisango emphefumleni ngoku. Ingaba kukho into ethile ofuna ukuyibekela ecaleni ngale ntsasa, into ofuna ukuyeyisa? Kwaye uzame kanzima, kodwa, ngale ntsasa, uzakuyeka nje ukuzama. Uzakwamkela nje oko Wakwenzayo. Ndifuna nje uphakamise isandla sakho, uthi, “Nkosi, ndifuna ukweyisa. Into ethile endihluphayo.”

¹⁸⁸ Nkosi uYesu, Uyazibona ezo zandla. Ngoku, njengesicaka Sakho, simi phakathi kokuphila nokufa, ndohlwaya yonke into ehlupha aba bantu kunye nam. Kwaye ndiyicela eGameni likaYesu Kristu, singayishiya ilale apha esibingelelweni sikaThixo, size simke ngale ntsasa, ngokukhululekileyo, njegabeyisi.

¹⁸⁹ Ukuba oodade bethu abazange balufumane ubabalo ngaphambili, lunga lunganikezelwa ngoku, Nkosi. Ukuba abazalwana bethu abazange balufumane ubabalo, banga bangalunikwa ngoku. Kwaye wanga, ngesimilo, umama nabantwana bakhe, endaweni yokuba nekratshi. Uyazi ukuba ubonakalisa...Ungumshumayeli kwabo bantwana bancinci. Ubomi bakhe bungumzekelo. Tata ungumzekelo kumama, ngokuba uyintloko yekhaya. Umama ubezama ukumgonyamela; akasayi kuyenza lonto kwakhona. Ukuba ubemsebenzisa njengemethi yaphantsi, ayisokuze yenzeke kwakhona. Ungumcedisi. Siphe oko, Nkosi. Zanga zonke ezi zinto zisithintelayo, Nkosi, zingasuswa.

¹⁹⁰ Si—siyazingwalisa, Bawo, ngenxa yexesha lobomi esinalo elingaphambi kwethu, sisazi oku, ukuba sifanele size esiphelweni salo, kwaye oko kanye. Ke, ngale ntsasa, sithabatha eli thuba, emva kwalo Myalezo. Sithabatha eli thuba, Nkosi, ukuza, ngokuba simenyiwe ukuba size. “Waphoseni kuYe amaxhala enu, ngokuba Unikhathalele.” Ndiyazi ukuba Uyakhathala, Nkosi. Ukhathala ngokwaneleyo ukuba usifele. Kwaye siqinisekile singakhathala ngokwaneleyo ukuza ukuze samkele oko Wakufelayo.

¹⁹¹ Singewalise, Nkosi. Sizalise ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele. Wanga uMoya oyiNgcwele angalawula nje ezintliziyweni zethu, ngokukhulu, ukuze sibe nokuhamba, silibale izinto ezigqithileyo, ubumdaka kunye nodaka esakhe sahlala kulo. Siyakutyhudisela kuphawu lobizo oluphakamileyo, apho ukuKhanya kwethu kungakhazimla kubumnandi nesimilo, de wonke ogqithayo angathi, “Kukho ubomi bobuKristu phaya kula nduli. La mntu, la mfazi, la ndoda, uyengwaliseke ngenene intyatyambo kaThixo. Balunge kakhulu kwaye benobubele kakhulu, basoloko bethanda kwaye belungile, kwaye benyamezela.” Siphe oko, Bawo. Senze sibe yityuwa, ukuze umhlaba unxanwe; siphe oko, Bawo; kwaye soyise izinto zelihlabathi, kunye namaxhala obu bomi. EGameni lika Yesu Kristu. Amen.

Ndinganakho . . .

Ngoku masiphakamiseni nje isandla sethu.

. . . Msindisi . . .

Ibiza ntoni? “Nyukela ngasentla, ngaphandle eludakeni.” UBomi obuphakamileyo; Into ethile ikuwe, ikutsalela ngala ndlela. Yintoni? NguYe. Ezantsi eludakeni, ityatyambo ezincinci; unoBomi ngaphakathi phaya, buyatyhudisa kuwe. Yilonto ikubizileyo, “Nyukela ngasentla, ngaphandle eludakeni.”

Landela, landela . . .

¹⁹² Ngoku, ingaba usingisele kuyo? Ngoku valani amehlo enu.

Apho Andikhokelela khona ndiyakul- . . .

Ngoku zinikezele. Singisela koko, ngoku.

Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Ndiyakuhamba naYe, naYe, yonke indlela.

Apho Andikhokelela khona ndi . . .

Ngokumnandi nje ngoku. Khumbula, zingqengqise phaya.

Uyakhokela . . .

“Ndiyakuyingqengqisa apha, Nkosi. Ndizakulandela Wena, ukusukela ngoku ukuqhubeka. Ndiyayamkela Yona. Ndiyayikholelwa Yona.”

Apho Andikhokelela . . .

Khumbula, ubomi bakho buyakungqina kakhulu kunomlomo wakho. Okuphilayo kuyakubonakalisa ebantwini ngaphezulu kokutshoyo.

Ndihambe naYe, naYe, (indlela, phi?) yonke indlela.

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Apho Andikhokelela Khona Mna—Mhl.*]

¹⁹³ Zingcwalise nje, ngokunzulu, ngokunyanisekileyo, intliziyo yakho yonke. Bekungathini ukuba eli ibilixesha lokugqibela obunokuvunyelwa ukuba uthandaze? Kusenokwenzeka. Ndiyathemba akunjalo. Kungenzeka. Ngoko, qiniseka ngoku, qiniseka ngenene, qiniseka ngenene. Khumbula, isango liyakuvalwa, ngenye imini, ngoku kuyakuba kuphelile. “Cela, uyakwamkela.”

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Apho Andikhokelela Khona Mna—Mhl.*]

¹⁹⁴ Cinga nje ngalo lonke uzuko Awanikezela ngalo kuwe, yonke into Ayenzileyo. “Ndiyakholelwa, Nkosi. Ndiyakholelwa. Ndiyakholelwa ukuba Ungumeyisi wam. Ndihamba nje naWe, Nkosi. Ndifuna ukuhlala kufutshane kuWe, ukuze apho Ukhoyo, kulapho ndifuna ukubakhona.”

¹⁹⁵ Kwaye khumbula, Usixelele, Bawo, ukuba, “Siyakuba neNkosi ngonaphakade, xa sixhwilelwa phezulu.” Sifumana nje u—ukujezula kuYe ngoku, njengokuba Ehamba nathi ngoku. Kodwa ngoko siya . . . Enjani yona ukubankulu into, ukwazi nje ukuba u—uphakathi kwethu Yena! Iyakuba yintoni xa sinaYe ngonaphakade? Siyazithanda zonke izenzo zethu: singaphuma siyekuphalisa; singaya kuthenga ezivenkileni; singaya kuzingela, kuloba, okanye nantoni esinokuyenza ngolonwabo. Kodwa, owu, xa ibandla livulwa, yabona, sifuna ukudibana neNkosi yethu. Leyo yeyona nto inkulu kuzo zonke izinto. Ngoko, cinga, Wasithembisa. “Kwaye ngonaphakade sibe neNkosi. Sihlale naYe etroneni Yakhe, kwaye sibe naYe ngonaphakade.” Owu Thixo, siyazithoba, nge—ngeentloko eziqutyudiweyo, siyayamkela, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu.

¹⁹⁶ Uziva ukuba unakho nje ukushiya, ngoku, yonke into, wonke umthwalo? Ungahamba nje, phezu kwawo ngoku? Ukuba unjalo, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ngobabalo lukaThixo ndibeka esisilingo phantsi. Andisayi kusilwa, nanini na. Ndizakubamba nje isandla Sakhe, ndiqalise ukuhamba.”

“Ndilwile, Mzalwana uBranham. Ndizamile ukuyeka ukutshaya. Ndi—ndizamile ukuyeka iinwele zam zikhule. Ndizamile ukwenza *le*. Ndenze . . . Ndizamile, nzima kakhulu, Mzalwana uBranham. Andinakho nje ukuyenza.”

Sukuyizama, nanini na. Thabatha nje ingalo Yakhe, uthi, “Bawo, Faka ingalo yam emkhonweni.” Yabona?

“Ndizakunika Wena nje ingalo yam. Ndizakuqhubeka ndihamba, Nkosi, ndijonge kuWe.” Iyakwenzeka. Iyakunxibisa njengoMkristu wenene. Uyakuba nguMkristu wenene.

¹⁹⁷ Ndide ndinibone, ngobubusuku, uThixo uyanithanda kwaye abe nani. Ningabantwana bam bendaba eZilungileyo. Ningabathengiwe.

Ngoku ndinikezela umalusi wenu kuni, ukuze kunqunyanyiswe, Mzalwana Orman Neville. 

NDINGOYISA NJANI? XHO63-0825M
(How Can I Overcome?)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawe kusasa, ngo-Agasti 25, 1963, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org